NGUBANI LO MELKITSEDEKE?

Masithobiseni iintloko zethu ukwenza umthandazo.

Bawo othandekayo waseZulwini, siva le ngoma ka *Kholwa Kuphela*, isenza sazi ukuba kuphela esifanele kukwenza ukuze sidle ilifa nasiphi kwizithembiso zikaThixo, zikholwe nje. Ngokuba kubhaliwe, "Zonke izinto zinakho ukwenzeka kwabo bakholwayo." Njengoko sikhala, njenge ndoda eyayino mntwana onesathuthwane, "Nkosi, ndiyakholwa! Ndincede ukungakholwa kwam Wena."

2 Sibulela Wena ngaloo mandla Akho makhulu, ukuzityhila Kwakho kwesiqu Sakho kuthi kwezi ntsuku zokugqibela. Izenza iintliziyo zethu zivuye kakhulu kwaye zibe nemigcobo, yokwazi ukuba sihlangane noThixo ophilayo; Oyingqinelayo kanye emva enyameni, ubungqina kwizinto ezibonakalayo, njengoko Wenzayo kwiintsuku ezigqithileyo, kwaye nanjengoko Ethembisile ngawo lo mhla. Sinombulelo kuWe, Thixo wethu. Kweli suku limnyama apho kungekho mntu ukhangeleka esazi ukuba yiyiphi na indlela emakahambe ngayo, siyavuya ukuba sifumene indawo ekhuselekileyo, indawo yokuzifihla.

3 Ngoku sisikelele ngobubusuku, Nkosi, njengoko sithetha ngeLizwi Lakho. Kwaye izithembiso ezinikezelwe kuthi, sanga singazinonelela ezintliziyweni zethu, sizilondoloze ngentlonipho, kwaye sizithobele ngocwangco lwenene lobuthixo. Kuba oko sikucela eGameni likaYesu. Amen.

4 [Othile uthetha kuMzalwana uBranham—Mhl.] Umnikelo wothando? Bebengafanelanga. Bebengafanelanga bakwenze oko. Ngubani lowo ukwenzileyo oko? Unetyala? Bendisiya kumphathi. Uthi undithabathele umnikelo wothando. Ubengafanelanga ukuba ukwenzile oko. Ndiyayibulela, uThixo uyakwazi oko, kodwa a—andizelanga lonto. Enkosi. Yanga iNkosi inganisikelela. Ndiyakwenza konke endinako. Ndiyakuwubeka kanye kumsebenzi wangaphandle, ngoko ndiyakwazi ukuba uyakuhambela ubuKumkani bukaThixo. Kwaye ukuba iNkosi ithandile, ndiyakuwusa, ngokwam, ngaphaya kwimihlaba, ukusa leVangeli inye enibe nihleli, niphulaphule yona kule veki, ndize emva koko ndazi ukuba uyakusetyenziswa ngendlela enikholelwa Yona. INkosi indincede ndiyenze.

5 Ndiyabulela kakhulu ngokubakho ngokuninzi ngale veki, kunye nangani nonke bantu abaqhagamsheleyo ngobubusuku kwakhona nge—ngengcingo zemfonomfono. Kwaye sinombulelo kuye nakubani kuni.

6 UBilly uthe kum ngale ntsasa, uthe, “Tata, ukuba ubunokuza kunye nam ngale ntsasa, ngethuba, kanye emva kokukhanya kwemini, uze ume apha jikelele kwezi ndawo kwaye ujonge oomama besondla iintsana zabo emotweni, bona abobantu bahluphekileyo behleli emvuleni, belindele ukuvulwa kweengcango!” Uyabona umhanahanisi ebendiyakuba nguye ukuba bendinixelele nayiphina into ngaphandle kweNyaniso? Ngenene bendiyakuba ngumntu ophula umthetho. Ngamanye amaxesha kufanele ndivise kabuhlungu, kodwa asikukuba ndifuna ukwenza njalo, kungokuba . . . Asindim lowo uvisa kabuhlungu. YiNyaniso evisa kabuhlungu. Kwaye ndi—ndi . . . Kodwa ndiyakholwa isizathu sokuba nize, ngokuba ndinyanise kakhulu kuni, kwaye ndenza konke endinakho ukuninceda. INkosi incede nabanina kuni nonke kuni.

7 Kwaye ngoku ndifuna ukubulela abantu ngentle intsebenziswano, yabantu besisixeko apha, ngokunjalo, abasinike, basivumela ukuba siqeshe lendlu yesikolo, eliholo labaphulaphuli negumbi lezemithambo. Kwaye ndifuna ukubulela amagosa ukuba nilapha. Kwaye ndifuna ukubulela uThurston Colvin, ongumgcini apha, ngentsebenziswano entle ekusincedeni ekufumaneni oku nokuba abe nathi busuku ngabunye.

8 Sibulela umkhosi wamapolisa aseJeffersonville ngokuza apha nokujonga, ngendleko eziphantsi kakhulu. Ndicinga ngeedola ezimbini ngeyure, ukuba amapolisa abekwe apha kumsebenzi okhethekileyo, ukupakisha iimoto, ukubona ukuba bekungekho . . . nto eyenzekileyo, kwaye yonke into ibilungile. Sinombulelo ebantwini ngoko. Kwaye nakwi—kwi, kananjalo, kwinjineli apha okwi—okwibhodi, ndimqaphele. Nabo bonke ababandakanyeka kunye nathi, sinombulelo kakhulu kuni.

9 Ndibulela ngamnye kuni nonke ngezizipho. UBilly undizisele nje, ngale mvakwemini, i—isipho, ezininzi zazo, kunye neebhokisi, iswithi, njalo njalo. Kwaye enye yazo yayi—yiNtsikelelo, inomfanekiso kaKristu owenziweyo kuyo—kuyo, iNtshumayelo eNtabeni. Kwaye ngokuqinisekileyo yayintle. Ndiyanibulela ngokuqinisekileyo. Kunye nezinto ezininzi, andazi ukuba mandinibulele kanjani. Ngoko, kananjalo, nge—ngenkxaso, mali yenu ngalo mhlangano, siyayibulela ngokuqinisekileyo, ngentliziyo zethu zonke. INkosi isikelele ngamnye kuni, ngokukhulu.

10 UBilly uthe, bekukho abantu abaninzi, benicela udliwano ndlebe lwasemfihlekweni ngelo ixesha. Kwaye abaninzi bacelile kwaye baneentsana ezincinci zokuba zinikezelwe. Owu, ndithanda kanjani ukuyenza lonto!

Kodwa, uyabona, xa ndisiza ngeli xesha, ingxamiseke kakhulu. Kufanele ndihlale ndilungile, lonke ixesha, ekufundisiseni, eliLizwi kunye nomthandazo, ngesizathu sokuzisa leMiyalezo. Yabona, ayikho . . . I—ingaphezulu

kokuqhelekileyo kuthi, ngokuba kukufumana intando kaThixo kuze emva koko kube kukuthetha izinto. Kwaye konke oko kufanele kuhlangane, kwaye kubuzwe kuThixo nje ukuba yeyiphi emayivulwe.

11 Ngoku, iNkosi ithandile, siyakubuya kwakhona kamsinya, kamsinya sakufumana usuku. Ndenze i—intshukumo, okanye—okanye nditsho into ethile malunga nePasika. Kungcono ndikuphengulule oko, ngokuba ndicinga ukuba ndinoludwe lwenkqubo eCalifornia malunga nelo xesha. Ngoko oko kungaphosisa. Nakuba kunjalo, xa sibuyela kwakhona emnqubeni, siyakunithumelela ikhadi, kunye nebandla, kwaye—kwaye sininike u—umhla kunye nexesha. Emva koko ndiya, mhlawumbi ngelo xesha, kwakhona . . .

12 Andibekanga naliphi ixesha ekuthandazeleni abagulayo. Asikhange sibe nayo nenye inkonzo esithe sabazisa abantu phezulu sabathandazela. Besibandlulula. Kwaye abazalwana bethu apha bebeshumayela, uMzalwana uLee Vayle kunye noMzalwana . . . Abanye baba bazalwana bebeshumayela, kwaye bethandazela abagulayo, kwaye besenza nobhaptizo lwamanzi, bebhaptiza, gxebe, kwaye bendiyeka mna ukuba ndihlale ndedwa neLizwi. Siyawabulela la madoda. Benze umsebenzi wobukhalipha.

13 Kukho abahlobo abaninzi apha endingathanda ukudibana nabo. Ndijonga ezantsi ndize ndibone uJohn kunye no-Earl. Kwaye nankuya uGqirha Lee Vayle, omnye wabaphathi balomkhankaso. UMzalwana uRoy Borders. Loo madoda, andikhange ndibe nalo neli . . . andikhange ndibe nakho nokuxhawula isandla zabo. Andikhange ndibe nalo ithuba lokuyenza. Ndicinga ngabahlobo bam abasuka eKentucky, kwaye nalapha jikelele, kunye nabahlobo abangabashumayeli, bendingathanda kanjani ukuxhawula izandla zabo! UMzalwana uBlair, ndimqaphela apha ngenye imini. Kunye nabaninzi bawo loo madoda endi—endiwathandayo, kwaye bebekwemininzi imihlangano, kwaye andizange tu ndixhawule izandla zawo. Ndi—ndiyazama . . . Asikukuba andifuni ukuyenza lonto; kungokuba andinaxesha lokuyenza, kwaye ndiyangxama.

14 Ukunikezela iintsana, ngokuqinisekileyo. Unyana wam, umzukulwana wam omncinci ubefanele ukunikezelwa kulo mhlangano. Andibanga naxesha lokuyenza; uDavid omncinci. Ndingu yisemkhulu, ngokubini ngoku. Ke, Mnu. May, ukuba ulapha ngobubusuku, ondinike olwa swazi, khangeleka ngathi ndizakuyisebenzisa kwamsinyane.

15 Ke, kwaye ndimxelele uBilly, ndathi, “IBhayibhile ikutshilo ‘qhamani kwaye niwuzalise umhlaba,’ kodwa umthwalo wonke wawunganikwanga wena.” Kwaye aba bazukulwana bavela ngokukhawuleza.

Kwaye ke, khumbula, umolokazana wam wayelidlolo, okokuqala. Wayengenakho ukuba nabantwana. Kwaye ngenye imini, ndishiya umhlangano, iNkosi yathetha nam yathi, “Loyce, uyakuzala unyana. INkosi ikusikelele. Ingxaki yakho yobubhinqa iphelile.” UPaul omncinci wazalwa, kwinyanga ezisithoba kamva.

16 Kwinyanga ezimbini ngaphambi kokuba usana luvele embonweni, ndandihleli, ndisitya isidlo sakusasa ngenye intsasa, etafileni, kwaye uLoyce kunye noBilly behleli kwelinye icala letafile ukusuka kum. Kwaye ndambona uLoyce etyisa usana oluncinci enepinki . . . okanye eluhlaza ingubo ilusongele. Kwaye uBilly ehleli ekoneni, etyisa uPaul omncinci. Ndathi, “Billy, ndisandula ukubona umbono. ULoyce ebetyisa usana olusongelwe ngengubo eluhlaza.”

Wathi, “Nalo uhambo lwam lokuzingela. Yayizinyanga ezisithoba ukusuka ngoku.”

Iinyanga ezilishumi elinanye mva, uDavid omncinci wazalwa. Kwaye andikhange ndibe nakho ukumnikezela eNkosini okwangoku, kwaye andisayi kuyenza side sibuye kwakhona. Ke niyabona ukuba yintoni.

17 Indlela endibathanda ngayo abantu kunye nodlelwano lwabo! Kodwa abazalwana bebethandazela abagulayo, kwaye ndiyayazi iyimpumelelo. Ngabusuku ngabunye sithandazela abagulayo, omnye ebeke isandla sakhe komnye, sonke ngokudibeneyo, ntoleyo ngaloo ndlela ibamba yonke injongo. Kodwa mhlawumbi, ukuba UThixo uthandile . . . ndiyakuyiphawula ekhadini, ukuba siyalithumela. Ekubuyeni, ndingathanda ukunikezela malunga nezimbini okanye ezintathu iintsuku, kwakhona, nje ukuthandazelwa abagulayo kunye nokwenza oko sinokukwenza ngaloo ndlela. Ngoku, kwaye ndibulela abantu ngoncedo lwabo, kwakhona.

18 Ngoku ndifuna nje ukuphawula, nje ithutyana, ku—kuMyalezo walentsasa. Akukho kuthandabuza, andikhange ndiwugqibe, kodwa ndicinga ukuba niyaqonda. Kwaye ndiqinisekile anikhange . . . Aninakwazi ukuba okuya bekufuna ndenze ntoni.

19 Ngoku, ikhangeleka ilula kakhulu kuni. Kodwa, ni, niyakubona enikwenzayo? Nithabatha indawo kaThixo, ukubiza Into ethile. Kwaye phambi kokuba ndibe nokwenza oko, kufanele kuze impendulo esuka kuThixo. Kwaye kufanele ukuba Ehle, kwaye Wazibonakalisa Ngokwakhe, waze wanika Isityhilelo. Ngoko ke, yabona, oku kubhekisele eBandleni. Kwaye khumbula, ndathi, “Ezi, le into endayithethayo, kwakukwi Bandla kuphela.”

20 Kwaye ke ukuze ubenokuthemba kwaye wazi, ukuba yayinguThixo okwamnye owathi kum phezulu phaya apho kwakungekho nomatse. “Thetha, kwaye utsho apho bayakuba

khona." Kwaye abathathu ngokulandelelana yenzeka. Ngoku, ukuba Anganakho kwangela Lizwi linye adale into ethile engekhoyo phaya, kukangakanani ukuba Oku akunakubambelela nkqi ngolwaSuku loMgwebo! Yabona? Abantu babelapho beyokubona ezi zinto, kwaye bazi. Njengoko uPawulos watshoyo, kwintsuku ezagqithayo. Kukho amadoda kunye naye, awa—awawuva umhlaba ushukuma; kwaye awalivanga ilizwi, kodwa ba—bayibonile i—iNtsika yoMlilo.

21 Indenzele okulungile, nakuba kunjalo, emva kokuba igqithile; ukubona abayeni namakhosikazi, endibaziyo ukuba ngamaKristu anyanisekileyo, esangana kwaye elila.

22 Kwaye mamelani, zihlobo, UThixo uyaliqinisekisa iLizwi Lakhe ngemiqondiso nangokungqinelwa, ukubonakalisa ukuba Lilungile, iLizwi elithethiweyo. Ngoku khumbula, okwakuKhanya kwakukwela Lifu, okwanika iSityhilelo. Ndandi . . .

Intombi yam encinci yayindixelela, uSarah apha, ukuba xa babe . . . Esa sikolo phaya e-Arizona sasijonge phezulu phaya kwisibhakabhaka esingenamafu, kwaye babona eli Lifu limangalisayo kula ntaba, linyuka lisihla, kunye noMlilo omthubi ovuthayo kuLo. Umfundisi-ntsapho wazikhupha iiklasi kunye nesikolo, baza babazisa ngaphandle, bathi, "Nakhe nayibona into efana naleya? Jongani indlela eyiyo phaya."

Khumbula, lowa ngulowo mnye omthubi uMlilo ovuthayo oselityeni. Ke nguThixo okwa mnye, iSityhilelo esinye, wathi, "Baxelele benze *lento*." Yilonto ndinixelele yona ngale ntsasa, ke nantso ke Yiyo.

23 Ukuba kuyenzeka ukuba umhlobo wam olungileyo, uMzalwana uRoy Roberson, uphulaphule eTucson. Roy, uyakhumbula, ngenye imini, umbono owawubonayo xa sasiphandle simi phezu kwentaba? Weza kum, kwaye ela Lifu laliphezulu enkcochoyini? Wehla ehamba esiza, uyayazi into Awakuxelela yona; kwaye ndakuxelela kula ndlu, ngenye imini? Yiyo lonto, Roy. Sukukhathazeka kwakhona, nyana. Igqithile.

24 Akwazi nje ukuba okuya kuthetha ntoni! Lubabalo. Uyakuthanda. Kwaye nawe uyamthanda Yena, mkhonze ngokuthobekileyo Yena kwaye umnqule Yena zonke iintsuku zakho. Vuya, hamba kwaye uphile njengokuba unjalo. Ukuba uyavuya, qhubekeka ngaloo ndlela. Ungaze wenze into engalunganga kwakhona, njengaleya. Hamba nje. Lubabalo lukaThixo.

25 Ngoku ndifuna ukuthandaza kwakhona phambi kokuba singene eLizwini. Bangaphi abaya kundithandazela? Ndisuka nje kumhlangano ndiye kumhlangano. Niyakuthandaza?

Niyazi, ndingathanda ukuniculela ingoma encinci, sonke ngokudibeneyo, phambi kokuba siye eLizwini. Nje uku . . .

ukuze sibe nokumazi uThixo . . . Nje ukunikezela okuncinci. Nakhe nayiva le ngoma incinci, *Ukukhathalele*? "Ekukhanyeni kwelanga nasezintsizini, Ukukhathalele."

26 Inenekazi elincinci liyenyuka liza kwipiyano. Ndithi, ndifuna ukubulela eli nenekazi lincinci, nalo. Andikhange ndilazi ukuba belingubani. Yintombi yenye yamadikoni apha. Ndiqinisekile . . . intombi encinci kaMzalwana uWheeler. Ukhulile ngoku. Wayeyinto eyintwanana encinci eyayihlala edolweni lam, kungekudala, kwaye ngoku ungumfazi omncinci. Ke ndiyambulela ngokuqinisekileyo kuba esebenzisa isiphiwo sakhe emculweni, kwaye ngoku udlala kamnandi kakhulu. Ungasinika isandi, dade? Sonke ngokudibeneyo ngoku.

Ukukhathalele,
Ukukhathalele;
Ekukhanyeni kwelanga okanye isithunzi,
Ukukhathalele.

Niyayithanda lonto? Masiyicule kwakhona, sonke ngokudibeneyo.

Ukukhathalele,
Ukukhathalele;
Ekukhanyeni kwelanga okanye isithunzi,
Ukukhathalele.

Mzalwana uDauch, Uyakwenzela lonto, nawe, mzalwana. Animthandi Yena? [IBandla lithi, "Amen."—Mhl.]

Masithobiseni iintloko zethu ngoku.

27 Thixo oThandekayo oneNceba, ngalombhalo mncinci apha wezinto ezimbalwa zokutsho ebantwini, kwaye emva kwakhona ukwalatha emva kulentsasa, kuba koko abantu abaze kukuva. Ndiyathandaza, Thixo, ukuba Uyakubenza abantu babone ukuba uThixo uyathanda kwaye uyakhathala. Kwaye ibingendim onike Okuya, Nkosi, ibingqinelwe ukuba ibiyiNyaniso. Ke ndiyathandaza, Thixo oThandekayo, ukuba uthando Lwakho luyakuhlala luhleli phakathi kwabantu. Ngobu busuku, kufanele kwahlukwanwe emva kwalo mhlangano kwaye siye kumakhaya ahlukeneyo, i—iluhlobo lokusitsala, abanye, nzulu, Nkosi. Ndiyathandaza ukuba Uyakubasikelela aba bantu.

28 Ngoku njengoko sisondela eLizwini, ngomthandazo, kwaye sisondela kwiLizwi elibhaliweyo, sicela ukuba Uyakuthabatha eliLizwi libhaliweyo ulenze Lona liphile kuthi ngobu busuku. Kwaye xa sishiya esisakhiwo ngobu busuku ukwahlukana ukuya kumakhaya ethu ahlukeneyo, sanga singatsho njengabo ababevela e-Emawus, ababehambe naYe imini yonke kwaye futhi bengamazi Yena; kodwa xa Wangena nabo ngaphakathi egumbini ngobo busuku, kwaye iingcango zonke zavalwa. Wenza into ethile njengohlobo Wenzayo ngaphambili kokubethelelwa Kwakhe. Ngalonto, bamazi ukuba Uvukile kwakhona.

Yenze kwakhona ngobubusuku, Nkosi. Siphe yona, ngelixa iingcango zivaliwe, kwaye neqela Lakho elincinci lihleli, lilindile. Kwaye, Bawo, xa sisiya kumakhaya ethu, siyakutsho njengoko benzayo, "Bezingavuthi na iintliziyo zethu ngaphakathi kwethu njengoko Ebethetha nathi endleleni!" Siyazinikela, nako konke, esandleni Sakho, Nkosi. Yenza ngathi njengoko Ubona kufanelekile. EGameni likaYesu. Amen.

29 Ngoku masingene kanye enkonzweni ngoku, ngokukhawuleza. Sityhila ngoku kunye nam, ukuba uyathanda, kwiNcwadi yamaHebhere, kwaye esinye isityhilelo soMyalezo. Siyakuthetha nje ithutyana elincinci ngobubusuku, iNkosi ithandile. Kwaye ngelixa sifunda imiqolo yokuqala emithathu yamaHebhere 7:1 ukuya ku-3, size siphawule koku. Kwaye asazi ukuba iNKosi iyakwenza ntoni; asazi. Kuphela kwento esiyenzayo kukukholwa nje, siqaphele, sithandaze. Kulungile? Kwaye kholwa koko "Uyakuyenza yonke into isebenziselana okulungileyo kwabo bamthandayo Yena," ngokuba Wathembisa ukuyenza.

> *Kuba lo Melkitsedeke, kumkani weSalem, mbingeleli kaThixo osenyangweni, owahlangana no-Abraham ebuya ekubulaleni ookumkani, waza wamsikelela;*
>
> *Kulowo naye u-Abraham wanikela isishumi sento yonke; ukuqala ukuthetha ngentetho evakalayo Kumkani wobulungisa, kwaye emva koko kananjalo Kumkani weSalem, oko kukuthi, Kumkani woxolo;*
>
> Masifunde sibheke phambilana kancinci.
>
> *Engenayise, engenanina, enganamlibo wakuzalwa,. . . .engenasiqalo samihla, okanye isiphelo sabomi; kodwa enziwe wafana noNyana kaThixo; ehleli engumbingeleli ngokungapheliyo.*

30 Cinga ngalo Mntu mkhulu, okuba wayenokuba mkhulu kangakanani lo Mntu! Kwaye ngoku, umbuzo ngulo, "Ngubani lo Mntu?" Izifundiswa zakwalizwi zibe neembono ezahlukeneyo. Kodwa ukusuka ekuvulweni kwaMatywina Asixhenxe, iNcwadi emangalisayo eyabe imangalisa kuthi. . . Ngokwe Zityhilelo 10:1 ukuya kwi-7, zonke iimfihlakalo ebezibhaliwe kule Ncwadi, ebezifihliwe ukuhla kuzo izigaba zabahlaziyi, zifanele ziziswe ekuhleni yingelosi yebandla lesigaba sokugqibela. Bangaphi abayaziyo lonto ukuba ilungile? [IBandla lithi, "Amen."—Mhl.] Ilungile, ifanele iziswe. Zonke iimfihlakalo zeNcwadi emangalisayo zifanele zityhilwe kumthunywa waseLawodike weso sigaba.

31 Ekubeni kukho impikiswano malunga naloMntu kunye nalomxholo, ndicinga ukuba kusifanele ukuyiqhekeza, ukufumana ukuba Ngubani lo. Ngoku, kukho izikolo ezininzi zolwazi ngaYe.

Esinye sezikolo si, sibanga, “Uyintsomi nje. Wayengengomntu.”

Kwaye ezinye zithi, oko, “Yayi bububingeleli. Yayi bububingeleli bobuMelkitsedeke.” Yeyona iphantse yafana nayo, ibambeka ngcono ngelo cala kunokuba benzile abanye, ngokuba bathi yayi bububingeleli.

Ayinakuba yilonto, ngokuba kumqolo 4 Ithi WayenguMntu, i “Ndoda.” Ke, ukuze ube nguMntu, kufanele Abe nesimo, i “Ndoda.” Hayi uluhlu; kodwa uMntu! Ke Wayengekho kuluhlu lobu bingeleli nje, Engeyiyo nentsomi. WayenguMntu.

32 Kwaye uMntu unguNaphakade. Ukuba uyaqaphela, “Wayengenayise. Wayengenanina. Wayengenaxesha Awakhe waqala ngalo. Kwaye engenaxesha Awakhe waphela ngalo.” Kwaye nokuba Ungubani usaphila nangobubusuku, ngokuba iBhayibhile ithe apha, ukuba, “Wayengenayise, engenanina, engenasiqalo samihla, okanye isiphelo sobomi.” Ke kuyakufanela ukuba Ibe nguMntu onguNaphakade. Ingaba ilungile? [IBandla lithi, “Amen.”—Mhl.] UMntu onguNaphakade! Ke inokuba nguMntu omnye, lowo nguThixo, ’kuba Nguye Yedwa onguNaphakade. UThixo!

33 Ngoku, kuTimoti wokuQala 6:15 kunye ne-16, ukuba ungathanda ukufunda oko ngelinye ixesha, ndingathanda ukuba ukufunde.

Ngoku, into endiyimeleyo yile, yokuba, Wayengu Thixo, ngokuba Yena kuphela koMntu ongenakufa. Kwaye ngoku, uThixo Eziguqula esiba nguMntu; yilonto Wayeyiyo, “Engenayise, engenanina, engenasiqalo sabomi, engenasiphelo samihla.”

34 Ngoku sifumana eSibhalweni ukuba abantu abaninzi bafundisa ukuba, “izimo ezithathu kwintloko-buThixo.” Ke, akunakuba nasimo ngaphandle kokuba ube ngumntu. Kuthabatha umntu ukwenza isimo.

Umshumayeli womBhaptizi, kwiiveki ezimbalwa ezigqithileyo, wenyuka weza, kwaye endlwini yam, kwaye wathi, “Ndingathanda ukukulungisa kwintloko-buThixo ngelinye ixesha xa unexesha.” Wandibiza, gxebe.

35 Ndathi, “Ndinalo ixesha kanye ngoku, ’kuba ndifuna ukulunga, kwaye sibeke ecaleni yonke enye into, ukuze siyenze.”

Waza wenyuka weza, wathi, “Mzalwana uBranham, ufundisa ukuba kukho nje uThixo omnye.”

Ndathi, “Ewe, mhlekazi.”

Wathi, “Kulungile,” wathi, “Ndiyakholwa ukuba kukho uThixo omnye, kodwa uThixo ekwiZiqu ezithathu.”

Ndathi, “Mhlekazi, yiphinde lonto kwakhona.”

Wathi, “UThixo omnye, kwiZiqu ezithathu.”

36 Ndathi, “Wawuye kwisiphi isikolo?” Yabona? Kwaye wandixelela i—ikholeji yeBhayibhile. Ndathi, “Ndingayikholelwa lonto. Akunakuba ngumntu ngaphandle kwesimo. Kwaye ukuba usisimo, usisimo esinye kwisiqu sakho. Wahlukile, isiqu esisodwa.”

Waza wathi, “Kulungile, izifundiswa zakwalizwi azinakho nokuyicacisa lonto.”

Ndathi, “Ingokwesityhilelo.”

Waza wathi, “Andinakusamkela isityhilelo.”

37 Ndathi, “Ngoko akukho ndlela apho uThixo anokufikelela kuwe ngayo, ngokuba, ‘Ifihliwe emehlweni ezilumko nengqondi, yaza yatyhilwa kwiintsana,’ yatyhilwa, isityhilelo, ‘ityhilwe kwiintsana zona ezo zinokuyamkela, zifunde.’” Kwaye ndathi, “Akunakubakho ndlela apho uThixo anokufika kuwe; uzivalile kuYe.”

IBhayibhile yonke sisityhilelo sikaThixo. IBandla lonke lakhelwe phezu kwesityhilelo sikaThixo. Akukho ndlela yimbi yokumazi uThixo, kuphela ngesityhilelo. “Kulowo uNyana ayakumtyhilela Yena.” ISityhilelo; yonke into sisityhilelo. Ke, ukwam-. . . Ukungamkeli isityhilelo, ngoko usisifundiswa sakwalizwi nje esibandayo, kwaye akukho themba ngawe.

38 Ngoku, ngoku, sifumanisa ukuba loMntu “akanayise, akananina, akanasiqalo samihla nasiphelo sobomi.” YayinguThixo, *en morphe*.

Ngoku, ilizwe, ilizwi liyeza, igama lesiGrike, lithetha, “ukuguquka,” lalisetyenziswa. Eziguqula Ngokwakhe, *en morphe*, ukusuka kuMntu omnye ukuya. . . kuMntu omnye; igama lesiGrike apho, *en morphe*, lithetha. . . Lalithathwe kwimidlalo yeqonga, laa mntu mnye uguqula imbonakalo yakhe, azenza abe sesinye isimo.

39 Njenga—esikolweni, kwamsinya nje, ndiyakholwa, uRebekah, nje ngaphambi kokuthweswa kwakhe isidanga, babenomdlalo omnye kaShakespeare. Kwaye elinye ityendyana kwafuneka aguquguqule impahla zakhe amatyeli amaninzi, ngokuba wayedlala ezimbini okanye ezintathu iindawo ezahlukeneyo; kodwa, umntu omnye. Uyaphuma, ngelinye ixesha, wayelitshijolo; kwaye xa ephuma kwixesha elilandelayo, wayesesinye isimo. Kwaye indlela ngoku igama lesiGrike, *en morphe*, lithetha “ukuguqula imbonakalo.”

40 Kwaye yilondlela uThixo wayenzayo. NguThixo okwamnye lonke ixesha. UThixo kwimo kaYise, u—uMoya, iNtsika yoMlilo. UThixo okwamnye wenziwa inyama kwaye wahlala phakathi kwethu, *en morphe*, waziswa ukuze Abonwe. Kwaye ngoku laa Thixo mnye nguMoya oyiNgcwele. Yise, Nyana, Ngcwele. . . hayi ooThixo abathathu; izikhundla ezithathu, izenzo ezithathu zoThixo omnye.

41 IBhayibhile yathi, “Mnye uThixo,” hayi abathathu. Kodwa lolo hlobo babengenakho. . . Akunayenza ilunge lento kwaye ube nooThixo abathathu. Akunakuze uthengisele umJuda lonto. Ndiyakukuxelela lonto. Lowo wazi ngcono, uyazi ukuba mnye kuphela uThixo.

42 Qaphela, njengomxhonxi, uyayifihla, nge—ngesigqubuthelo phezu kwayo. Yilonto uThixo ayenzileyo kwesi sigaba. Ibifihliwe. Zonke ezi zinto bezifihliwe, kwaye kufanele zityhilwe kwesi sigaba. Ngoku, iBhayibhile ithe ziyakutyhilwa kumaxesha okugqibela. Kunje ngomxhonxi egcine u—umsebenzi wakhe ugqunyiwe ngaphezulu kude kubelixesha apho asusa isigqubuthelo kuwo kwaye nantso ke.

Kwaye yilonto iBhayibhile ibisoloko iyiyo. Ibingumsebenzi kaThixo obugqunyiwe. Kwaye Ibifihliwe ukusukela ekusekweni kwehlabathi, kwaye Iyimfihlakalo entlantlu-sixhenxe. Kwaye uThixo uthembisile kulo mhla, kwisigaba seli bandla laseLawodike, Uyakusisusa isigqubuthelo kuyo yonke into ukuze sibe nokuyibona Yona. Enjani ukubaluzuko into!

43 UThixo, *en morphe*, egqutyuthelwa kwiNtsika yoMlilo. UThixo, *en morphe*, kuMntu obizwa ngoYesu. UThixo, *en morphe*, eBandleni Lakhe. uThixo ephezu kwethu, uThixo enathi, uThixo ekuthi; ukuzithoba kukaThixo.

Phezulu Phaya, kwingcwele, kungekho namnye Onokumchukumisa, Wahlala phezu kwentaba; kwaye nokuba isilwanyana sichukumise intaba, kwakufanele sife.

Kwaye uThixo wehla waza waguqula intente Yakhe, waza weza kuhlala nathi, waba ngomnye wethu. “Kwaye sambamba Yena,” IBhayibhile yatsho. UTimoti wokuQala 3:16, “Ngaphandle kwempikiswano inkulu imfihlelo yobuthixo; kuba uThixo wabonakaliswa esenyameni, sambamba ngezandla.” UThixo watya inyama. UThixo wasela amanzi. UThixo walala. UThixo walila. Wayengomnye wethu. Okuhle, kufuziselwe eBhayibhileni!

Lowo yayinguThixo phezu kwethu; uThixo ekunye nathi; ngoku nguThixo engaphakathi kuthi, uMoya oyiNgcwele. Hayi uMntu wesithathu; uMntu okwamnye!

44 UThixo wehla weza waba yinyama, waza wafa ukufa, kuKristu; ukuze Abe nokulicoca iBandla, ukuze abe nokungena ngaphakathi kulo, esenzela ubudlelane. UThixo uyabuthanda ubudlelane. Yilonto Wamenzela yona umntu okukuqala, kwakungenxa yobudlelane; uThixo uhlala yedwa, kunye neeKerubhi.

45 Kwaye qaphela ngoku, Wenza umntu, waza umntu wawa. Ke Weza wehla kwaye wamhlangula umntu, ngokuba uThixo uyathanda ukunqulwa. Kwa igama elithi *thixo* lithetha “nto yokunqulwa.”

Kwaye lena eyeza phakathi kwethu, njengeNtsika yoMlilo, njengento ethile eguqula iintliziyo zethu, lowo nguThixo omnye owathi, “Makubekho ukukhanya,” kwaye kwabakho ukukhanya. Unguye izolo, namhlanje, naphakade.

46 Ngoku, ekuqalekeni uThixo wahlala yedwa, kunye neempawu Zakhe, njengokuba ndithethile ngale ntsasa. Ezo ziingcinga Zakhe. Kwakungekho nto, uThixo nje eyedwa, kodwa Wayeneengcinga.

Njenge gcisa lokwakha elikhulu licwangcisa, engqondweni yalo, kwaye lizobe oko licinga ukuba kuko eliyaku—kukwakha. Lidale, ngoku, alinakudala. Lingathabatha into ethile ebidaliwe lize liyenze ibelolunye uhlobo olohlukileyo; ’kuba uThixo kuphela kwendlela . . . kuphela Kwakhe onokudala. Kodwa lifumana engqondweni yalo oko liya kukwenza, kwaye ezo ziingcinga zalo, leyo yiminqweno yalo. Ngoku yingcinga, kwaye emva koko liyithethe, ize ibe lilizwi emva koko. Kwaye i—ilizwi li . . .

47 Ingcinga, xa ivakalisiwe, lilizwi. Ingcinga evakalisiweyo lilizwi, kodwa kufanele ibe yingcinga kuqala. Ke, ziimpawu zikaThixo; emva koko zibe ziingcinga, emva koko lilizwi.

48 Qaphela. Abo banabo, ngobubusuku, uBomi obuNgunaphakade, babeNaye kwaye bekuYe, ezingcingeni Zakhe, phambi kokuba kubekho neNgelosi, inkwenkwezi, Kerubhi, okanye nanye enye into. Lowo nguNaphakade. Kwaye ukuba unoBomi obuNgunaphakade, wawusoloko unjalo. Hayi ngokuba lapha, kodwa ukumila kunye nenkangeleko athe uThixo ongenasiphelo . . .

49 Kwaye ukuba Akanguye ongenasiphelo, Akanguye uThixo. UThixo kufanele abe ngongenasiphelo. Sinesiphelo; Ungongenasiphelo. Kwaye Waye ngokhoyo ezindaweni zonke, owazi into zonke, kunye nonamandla onke. Ukuba Akanguye, ngoko Akanakuba nguThixo. Wazi into zonke, zonke iindawo, ngenxa yokuba Ungokhoyo kwindawo zonke. Ukwazi into zonke kumenza yena Abe ngokhoyo endaweni zonke. UsiSiqu; Akakho njengomoya. UsiSiqu; Uhlala endlwini. Kodwa ekubeni esazi into zonke, ezazi zonke izinto, imenza Okhoyo endaweni zonke, ngokuba Wazi into zonke ezenzekayo.

Akunakubakho ntakumba iqhwanyaza iliso layo Angayazi. Kwaye Wayazi ngaphambi kokuba kubekho ihlabathi, mangaphi amatyeli eyakuqhwanyaza ngawo amehlo ayo, kwaye mangakanani amafutha enawo kuyo, ngaphambi kokuba kwakhe kwakho ihlabathi. Oko kokungenasiphelo. Asinakuze sikuqiqe oko ezingqondweni zethu, kodwa nguThixo. UThixo, ongenasiphelo!

50 Kwaye khumbula, wena, amehlo akho, ukumila kwakho, nayiphi into owawuyiyo, wawusezingcingeni Zakhe ekuqalekeni. Kwaye kuphela kwento oyiyo kukuvezwa, ilizwi.

Emva kokuba Elicingile, Walithetha, kwaye naku ulapha. Ukuba akunjalo, ukuba wawungekho ezingcingeni Zakhe, akukho ndlela konke konke yokuba wawulapho, ngokuba UnguLowo onika uBomi obuNgunaphakade.

51 Niyakhumbula sifunde njani iZibhalo? "Asingulowo uthandayo, okanye lowo ubalekayo, kodwa nguThixo!" Kwaye ukuze ulwanyulo Lwakhe lwexa elingaphambili luhlale lumi, Wayenokukhetha, ngaphambi kwalo naliphi ixesha, lowo. UThixo ungozimela geqe ekukhetheni Kwakhe. Beniyazi lonto? UThixo ungozimele geqe.

Ngubani owayekho emva phaya ukuze amxelele Yena indlela engcono yokwenza ihlabathi? Ngubani owayenokuba nesibindi sokumxelela Yena ukuba Wayeqhuba umsebenzi Wakhe ngokungafanelekanga?

Nkqu nalo kanye—kanye iLizwi, Ngokwalo, lizimele geqe kakhulu. Nkqu nesityhilelo sizimele geqe. "Utyhila kulowo Ayakutyhila kuye." Kwasona kanye isityhilelo, ngokwaso, simele geqe kuThixo. Yiloo ndlela abantu bantlantlatha ngayo ezintweni, baze batsibe ngayo ezintweni, baze babethe ngayo ezintweni, bengazi ukuba benza ntoni. UThixo uzimele geqe emsebenzini Wakhe.

52 Ngoku simfumana Yena ekuqalekeni, iimpawu Zakhe. Kwaye, ngoku, wawukunye Naye ngoko. Ngoko kwakulilixa apho iNcwadi yoBomi yeza ekuhleni.

Ngoku, sifunda ngapha kwiZityhilelo isahluko se-13, umqolo wesi-8, ukuba, "Irhamcwa elizayo emhlabeni," kulemihla yokugqibela, "liyakulahlekisa bonke abo bantu emhlabeni abamagama ayengabhalwanga kwiNcwadi yeMvana yoBomi ngaphambi kokusekwa kwehlabathi."

53 Yicinge! Ngaphambi kokuba azalwe nokuzalwa uYesu, amawaka amane eminyaka ngaphambi kokuba Aze emhlabeni, kwaye namawaka aliqela eminyaka ngaphambi kokuba wena uze emhlabeni; uYesu, esengqondweni kaThixo, wafela izono zehlabathi, kwaye iNcwadi yoBomi yenziwa, kwaye igama lakho labekwa kuyo la Ncwadi yoBomi ngaphambi kokusekwa kwehlabathi. Leyo yiNyaniso yeBhayibhile. Yabona, igama lakho lonyulwa nguThixo laza labekwa kwiNcwadi yoBomi ngaphambi kokusekwa kwehlabathi.

54 Wawulapho kwiimpawo Zakhe. Akuyikhumbuli, hayi, ngokuba uyinxalenye yoBomi Bakhe. Uyinxalenye kaThixo xa uthi ube ngunyana okanye intombi kaThixo.

Njengoko uyinxalenye kayihlo wasemhlabeni! Injalo lonto. Uyiyo. Iduna lithwala isibomvisi gazi, igazi. Kwaye xa oko kuthe kwangena kwi—kwiqanda, uye ube yinxalenye kayihlo; kwaye umama wakho uyinxalenye kayihlo, ngokunjalo; ngoko niyinxalenye kayihlo nonke.

Uzuko! Oko kulishiya ngaphandle ihlelo, kukonke. Uh-huh. Ngokuqinisekileyo iyayenza! UThixo, kuko konke, kuphela kwendawo!

55 Qaphela ngoku uphawu Lwakhe. Ngoko uphawu lalu, okokuqala, nguThixo; ingcinga, uphawu ngokwalo, konke koKunye, ngaphandle kokubonakaliswa. Emva koko xa Wabonakaliswa, okwesibini, Waba ngoko liLizwi. "Kwaye ngoko iLizwi lenziwe inyama lahlala phakathi kwethu."

56 UYohane oNgcwele isahluko so-1 kunye nomqolo woku-1, qaphela, oku ku, "Ekuqalekeni." Kodwa, ngaphambi, koNaphakade! Qaphela, "Ekuqalekeni ebekho uLizwi." Xa ixesha laqalayo, yayi liLizwi. Kodwa ngaphambi kokuba yayiliLizwi, yayiluphawu, ingcinga. Emva koko labonakaliswa, "Ekuqalekeni kwabanjalo," ukubonakaliswa, "iLizwi."

Ngoku siyafika apho uMelkitsedeki akhoyo. Lowo nguloMntu umangalisayo. "Ekuqalekeni ebekho uLizwi, kwaye uLizwi ebekunye noThixo, kwaye uLizwi ebenguThixo." "Waza ngoko uLizwi waba yinyama kwaye wahlala phakathi kwethu." Kubambe oko apho ngoku, qaphela.

57 Ubuqu Bakhe—Bakhe bokuqala babungu Moya, uThixo, ongaphezu kwendalo, kulungile, omkhulu uNaphakade. Okwesibini, Waqalisa Ukuzibumbela enyameni, kwi*theophany* [Umzimba welizwi—Mguq.], ibizwa "iLizwi; umzimba." Oku ngoko yimeko Awayekuyo xa Wahlangana no-Abraham, wayebizwa ngoMelkitsedeki. Waye kwisimo somzimba weLizwi. Ngoku siyakufika koko size sikuqondakalise kwimizuzu embalwa, iNkosi ithandile. Waye eliLizwi.

58 Umzimba welizwi yinto ongenakuyibona. Ingaba lapha kanye ngoku, kodwa akanakuyibona.

Ifana nje, kulungile, njengomabonakude. Leyo yenye indawo. Umabonakude; abantu bayashukuma kanye kweligumbi ngoku, becula; nantso imibala, ngokunjalo. Kodwa iliso lixhomekeke kuphela kwizimvo ezintlanu. . . Ubuqu bakho bonke buxhomekeke kuphela kwizimvo ezintlanu, gxebe. Kwaye uxhomekeke kuphela koko ukubona kuphelela ekukuboneni. Kodwa kukho enye indawo enokubonwa ngokuguqulwa, ngomabonakude.

59 Ngoku, umabonakude awenzi mfanekiso. Umabonakude uyigqithisela kuphela kumaza omoya, kuze emva koko ubuso buka mabonakude buyichole. Kodwa umfanekiso ulapho, into yokuqala. Umabonakude wayelapha xa u-Adam wayelapha. Umabonakude wayelapha xa u-Eliya wahlala kwiNtaba yeKarmel. Umabonakude wayelapha xa uYesu wase Nazarete wahamba kuma nxweme aseGalili. Kodwa uqale ukuyibhaqa ngoku. Babengasokuze bayikholelwe emva phaya. Ubuyakube uphambene ukutsho into ethile enjengaleyo. Kodwa ngoku iba yinene.

Kwaye ke kuyiyo, ukuba uKristu ulapha, iiNgelosi zikaThixo zilapha. Kwaye ngenye imini, kwiMillennium enkulu ezayo, iyakuba yinene kunomabonakude okanye nayiphi enye into, ngokuba zilapha.

60 Uzibonakalisa Yena kwisimo Sakhe esikhulu eso Wasibangayo, njengoko E *en morphes* Ngokwakhe kwizicaka Zakhe kwaye eziqondakalisa Yena.

61 Ngoku, apha Ukwisimo sikaMoya. Kwaye Uza ekwisimo sika. . . sika *en morphe*. Ngoku, Wabonakala ku-Abraham, *en morphe*. Xa u-Abraham wayebuya ekuxabeleni ookumkani, naku kusiza uMelkitsedeki, wathetha Naye.

62 Ngenye imini kwiphepha laseTucson, ndandifunda inqaku lomhleli ukuba apho kwakukho u—umfazi eqhuba esihla ngendlela, ndiyakholwa malunga namashumi amane, amahlanu emayile ngeyure, waza wagila indoda endala eyayinxibe idyasi. Wakhala kwaye wamisa imoto yakhe. Yamphosa phezulu emoyeni. Kanye entlango ebonakalayo! Waza wabaleka wajika esiya kumkhangela, kwaye wayengekho apho. Ke wenza ntoni? Abanye abantu emva kwakhe bayibona isenzeka, bayibona indoda endala ibhabha emoyeni, kunye nedyasi yayo iphethuka. Baza babaleka ukuya kukhangela. Babengayifumani indoda naphina. Babiza umkhosi wamapolisa. Amapolisa aza kuphanda indawo; kwakungekho mntu apho.

63 Ke, ngamnye kubo wanika ubungqina, "Imoto yaduduzela, yayibetha indoda. Yenyuka yaya emoyeni, kwaye wonke umntu wayibona." Amangqina, kwaye ezimbini okanye ezintathu iimoto ezinabantu kubo, bayibona isenzeka. Kwafumaneka, kwiminyaka emihlanu eyagqithayo, kwakukho indoda eyayinxibe idyasi, yagilwa yaza yabulawa kuloo ndawo inye.

Xa usimka apha, akufanga. Kufanele ubuyele, nokuba ungumoni, uze ugwetywe ngokwezenzo ezenziwe emzimbeni. "Ukuba lomnquba wasemhlabeni uyachithwa, sinomnye olindileyo." *En morphe,* elo lilizwi.

64 Ngoku, uThixo, kwesisigaba se. . . Kusesisigaba sokudala Kwakhe, mva wenziwa inyama, uYesu. Ekusukeni entweni? Ekusukeni ekuqalekeni okukhulu, uMoya, emva koko kwaza kwehla kwaba liLizwi, kuzisa Kona ngaphandle. ILizwi alikazenzi okokwangoku Ngokwalo, lithethiwe nje, *en morphe*, kamva Waba yinyama, uYesu, ofayo, ukuze angcamle ukufa ngenxa yethu sonke boni.

65 Xa u-Abraham wahlangana Naye, WayenguMelkitsedeki. Wacombulula apha oko zonke iimpawu ziyakwenza ekugqibeleni, wonke unyana ka-Abraham. Wonke unyana woKholo uyakwenza ngokuqinisekileyo into enye. Kodwa ndifuna uqaphele indlela esifanele size ngayo.

66 Ngokunjalo, simbona Yena etyhilwe apha kuRute naku—nakuBhowazi, njengoMhlanguli Osisizalwana, Yena weza njani ukuba yinyama.

67 Ngoku siyabona uphawu, oonyana boMoya Wakhe, abakangeni kwisimo somzimba-weLizwi. Kodwa, umzimba welizwi; lo mzimba uxhomekeke kwiLizwi nasekunyanisekeni, silindele isinyaniso, ukuguqulwa komzimba.

68 Ngoku, umahluko phakathi Kwakhe kunye nawe, njengonyana. Yabona, Wayenguye, ekuqalekeni, uLizwi, u *en morphe* mzimba. Weza waza wahlala koko, kuMntu kaMelkitsedeki. Emva koko, kamva, asizange sive kwakhona ngoMelkitsedeki, ngokuba Waba nguYesu Kristu. UMelkitsedeki wayengu Mbingeleli, kodwa Waba nguYesu Kristu. Ngoku, uyakugqitha oko. Ngokuba, kwesasimo, Wayesazi zonke izinto, kwaye akuzange ubenakho ukukwazi oko okwangoku.

Uze njengo-Adam, njengam, usuke kuphawu ukuya kwinyama, ukuze uhendwe. Kodwa xa obu bomi bugqityiwe apha, "Ukuba lo mnquba wasemhlabeni uthi uchithwe, sinomnye osele ulindile." Kulapho siya khona; elo liLizwi. Ngoko singabanakho ukujonga ngasemva size sibone oko sikwenzileyo. Ngoku asiyiqondi. Asizange saba liLizwi; sisuke nje saba ngumntu wenyama, hayi iLizwi.

69 Kodwa, kwaye jonga, ngokucacileyo iyenza icace, akusokuze ube liLizwi ude ube kanti wawuyingcinga ekuqalekeni. Oku kungqina ulwanyulo lwexa elingaphambili lukaThixo. Yabona? Akusokuze ube liLizwi ude ube kanti uyingcinga. Kufanela ube sezingcingeni, kuqala.

Kodwa, uyabona, ukuze ube nokuhendwa, kufanele uwutsibe umzimba welizwi. Kwafanela ukuba uhle uze apha enyameni, ukuze uhendwe sisono. Kwaye emva koko, ukuba uyema, "Bonke uBawo andinike bona Mna bayakuza kuM, kwaye Ndiyakumvusa ngomhla wokugqibela." Yabona, kufanele ubenjalo kuqala.

70 Kwaye ngoko, uyabona, Uyeza kanye ezantsi, umgca oqhelekileyo, ukusuka kuphawu ukuya . . . Ngaphambi kokusekwa kwehlabathi, igama lakhe libekwa kwiNcwadi yoBomi yeMvana. Emva koko, ukusuka apho, Uba liLizwi, umzimba welizwi, onokubonakala, unyamalale. Kwaye ngoko Uba yinyama aze abuyele emva kwakhona, kuvuka laa mzimba mnye kwimeko yozuko.

Kodwa uyawugqitha umzimba welizwi uze ube ngumntu wenyama, ukuze uhendwe sisono. Kwaye emva koko, "Ukuba lomnquba wasemhlabeni uthi uchithwe, sinomnye osele ulindile." Asikabi yiyo okwangoku imizimba.

71 Kodwa, jonga! Xa lo mzimba usamkela uMoya kaThixo, uBomi obungenakufa ngaphakathi kwakho, buphosa lo mzimba ekuxhomekekeni kuThixo. Haleluya! "Lowo uzelwe nguThixo

akasenzi isono; akanakona." KwabaseRoma 8:1, "Ngoko ngoku akusekho kugwetywa kwabakuKristu uYesu; abangahambiyo ngenyama, kodwa abahamba ngoMoya." Nako apho ukhoyo. Yabona, oko kuphosa umzimba wakho uxhomekeke.

Akudingeki ukuba uthi, "Owu, ukuba ndinokuyeka nje ukusela! Ukuba nje ndinga . . ." Ngena nje kuKristu, kwaye yonke iphelile, yabona, yabona, ngokuba umzimba wakho uxhomekeke kuMoya. Awusaxhomekekanga kwizinto zelihlabathi; zifile. Zifile; izono zakho zingcwatywe elubhaptizweni, kwaye usisidalwa esitsha kuKristu. Kwaye umzimba wakho, uxhomekeka kuMoya, zama ukuphila indlela elungileyo yobomi.

72 Njengani bafazi babanga ukuba nifumene uMoya oyiNgcwele, nize niphume nihambe apha kwaye ninxibe ezimfutshane kunye nezinto, ningayenza njani lonto? Ungathini uMoya kaThixo ngaphakathi kuni aniyeke nenze into enjalo? Ayisokuze nje ibenjalo. Ngokuqinisekileyo, ayisokuze. Akangomoya unyhukunyhuku; UnguMoya oyingcwele.

73 Kwaye xa uxhomekeka kula Moya, iphosa ubuqu bakho bonke buxhomekeke kula Moya. Kwaye la Moya akayonto ehlabathini kodwa leMbewu Lizwi eyenziwa yabonakala, okanye yavuselelwa, haleluya, yenziwe yaphila. Kwaye xa iBhayibhile yathi, "Sukuyenza *lento*," la mzimba uguqukela msinyane kuYo. Akukho mbuzo.

Kwaye yintoni? Kukunyaniseka kovuko. Lo mzimba uyakuvuswa kwakhona, ngokuba sowuqalisile. Wawukhe waxhomekeka kwisono, nakumgxobhozo nakwimpalalo, kodwa ngoku ufumene unyaniseko; ujikwe waliZulu. Ngoku, kukunyaniseka kokuba uya kuXwilo. Kukunyaniseka.

74 Umntu ogulayo elele, esifa, akukho nto iseleyo kodwa kukufa; kuko konke okunokwenzeka. Ndibone izithunzi zabantu, bedliwe bagqitywa ngumhlaza kunye nesifo sephepha; kwaye ndibabone abo bantu, emzuzwini emva koko, bephile qete kwaye bomelele. Ukuba akukho mpiliso iNgcwele, ngoko akukho luvuko, 'kuba impiliso eNgcwele kukunyaniseka kovuko. Amen!

75 Niyayazi ukuba yintoni inyaniso yemali, aniyazi? Kukuhlawulelwa. "Uhlatywe ngenxa yezikreqo zethu; ngemivumba Yakhe siphilisiwe." Qaphela imangalisa kanjani! Siyamthanda Yena.

76 Ngoku, lomzimba uxhomekeke eMoyeni. Awukangeni okwangoku kwisimo seLizwi, kodwa sisekwisimo somzimba, kodwa sixhomekeke kwiLizwi. Ukufa enyameni kuyakusisa phaya.

77 Nje into ekwanye, cinga ngosana oluncinane. Ungathabatha umfazi, akukhathaliseki nokuba ungcole kangakanani, xa ekhulelwe kwaye elungiselela ukuba ngumdlezana. Qaphela, phambi kokuba olwasana luzalwa, andikhathali nokuba

ukhohlakele kangakanani na umfazi, uba nobubele kakhulu. Kukho into ethile malunga naye evakala . . . ekhangeleka inobuthixo, ukubona umama omncinci elungiselela ukuba ngumdlezana, ngomntwana. Kutheni kunjalo? Laa mzimba mncinci, ngoku, awukaphili okwangoku, yabona, kuphela kwento oyiyo yinyama nezihlunu. Okwa kuxhuma kancinci, zizihlunu nje zixhuzula. Kodwa xa ithi ize iphume kwisibeleko, uThixo uphefumlela impefumlelo yobomi kuyo, aze ke akhale. Yabona, nje ngo—ngokuqinisekileyo kunjengokuba ukhona umzimba wendalo ubunjwa, kukho nomzimba kamoya ukuba uwamkele kwamsinya nje wakufika apha.

78 Ngoko, xa indoda izalwa ngokutsha, isuka eZulwini, iba lusana ngokomoya kuKristu.

Kwaye, ngoko, xa lengubo yenyama ithiwa xibilili, kukho umzimba wendalo, umzimba welizwi, umzimba ongenziwanga ngazandla, nongazalwanga ngumfazi, lowo siya kuwo.

Ngoko loo mzimba uyabuyela uze uchole umzimba wozuko.

Seso sizathu uYesu waya esihogweni xa Wafayo, waza washumayela kwimiphefumlo eyayisekukhonxweni; wajika wabuyela emva kula mzimba welizwi. Owu, ummangaliso! Makabongwe uThixo!

79 AmaKorinte eSibini 5:1, "Ukuba lomzimba wasemhlabeni uthi uchithwe, lo mnquba wasemhlabeni, sinomnye." Yabona, siwutsibile lowo, ukuza ukusuka ngqo kuThixo, uphawu; ukuba yinyama, ukuza kulingwa kwaye sivavanywe ngesono, njengoko u-Adam wenzayo. Kodwa xa uvavanyo lweLizwi lugqithile, ngoko siyanyuswa sifakwe kulomzimba esasilungiselelwe wona ngaphambi kokusekwa kwehlabathi. LiLizwi elo esalitsibayo, ukuza kanye ngokujikela, ezantsi apha ukuba silingwe kwaye sivavanywe. Ukuba singe size ngokuya, bekungasayi kubakho kuhendwa; besiyakwazi zonke izinto. Seso sizathu sokuba uYesu wayesazi zonke izinto, 'kuba WayeLilizwi ngaphambi kokuba Abe yinyama. Emva koko sibe liLizwi.

80 Apha sibunjelwa kumfanekiso weLizwi, sibe ngamadlelana weLizwi, sizondle eLizwini, ngokuba sibe ngabanyulwe ngexa elingaphambili ukusuka ekuqalekeni; uyabona la ntlatsana yoBomi leyo unayo kuwe kusuka ekuqalekeni, xa waqalisa uhambo lwakho. Abaninzi benu bangayikhumbula. Ujoyine *le* cawa wajoyina *laa* cawa, uzame *oku* kunye *nokuya*; akukhonto yonelisayo. Injalo. Kodwa ngenye imini waye nje wayiqonda Yona. Kunjalo.

81 Ngobunye ubusuku ndandifundisa ndaweni ithile, ndicinga ukuba kwakuseCalifornia okanye e-Arizona, malunga . . . Ndiyakholwa ndikhe ndabalisa ibalana elincinci apha, malunga nendoda eyabeka isikhukukazi yaza yaneqanda lekhozi phantsi kwaso. Kwaye xa elakhozi laqanduselwa, laliyeyona ntaka ingaqhelekanga kakhulu

awakhe ayibona loo mantshontsho enkuku. Kodwa, lahamba hamba. Lali—lali lelibi phakathi kwawo, ngokuba lalingaqondi nje ukuba esasikhukukazi siyakukokoza kwaye siqhwaye kuloo mfumba yomgquba size sitye. Lalingafumani mqondo. Sasiya kuthi, "Yiza ngapha nizokutya, sthandwa!" Kodwa, lalilikhozi; lalingenakho nje ukutya ngolo hlobo. Kwakungekuko ukutya kwalo.

82 Ngoko besiya kubamba iintothoviyane kunye nokunye, uyazi, size sibize amantshontsho amancinci. Kwaye onke amantshontsho amancinci ebeya kuya, akokoze ecaleni, aze atye. Kodwa ikhozi elincinci lalingenakuyenza lonto. Zange—zange ikhangeleke ilungile kulo.

Ke ngenye imini unina waza kulizingela.

83 Kwaye laliye lisive esasikhukukazi sikokoza. Beliyakuzama ngokungcono kwalo ukukokoza, kodwa lalingakwazi kuyenza lonto. Lazama ukukhala njengentshontsho lenkuku, kodwa lalingakwazi kuyenza lonto. Yabona, lalilikhozi. Lona, okokuqala, lalilikhozi. Laqanduselwa nje phantsi kwesikhukukazi.

Kunje ngamanye amalungu ecawa. Konke . . . Oko kumalunga nendlela ekuyiyo; malunga nesinye ekuhlaleni, kunjalo.

84 Kodwa ngenye imini unina wabhabha egqitha, kwaye wakhala. Waliqonda lona. Oko kwavakala kakuhle. Kutheni? Lalilikhozi, okokuqala.

Yiloo ndlela kuyiyo neVangeli, okanye iLizwi, okanye Amandla kaYesu Kristu. Xa umntu anyulelwe uBomi obuNgunaphakade kwangexa elingaphambili, uyakuva okwakukhala kunyanisileyo, ukukhwaza kukaThixo, akukho nto inokumthintela kuYo.

Icawa ingathi, "Iintsuku zemimangaliso zedlula," kokoko, kokoko, kokoko. "Yima apha uze utye *oku*, uze ume apha utye *okuya*."

85 La nto yasehokweni ayinakulunga kulo, nanini na. Umkile! "Zonke izinto zinakho ukwenzeka!" Uyesuka emhlabeni.

Yilonto, ingxaki namaKristu amaninzi namhlanje, awanakususa iinyawo zawo emhlabeni.

Unina omdala wathi, "Nyana, tsiba! Ulikhozi. Yiza apha apho ndikhoyo."

Wathi, "Mama, andizange ndatsiba, ebomini bam."

86 Wathi, "Kulungile, tsiba! Ulikhozi, okokuqala. Akulontshontsho lankuku." Ngoko lwenza umtsi walo wokuqala laza laphaphazela amaphiko alo; alenza kakuhle kakhulu, kodwa lasuka emhlabeni.

Yiloo ndlela esithi senze ngayo. Samkela uThixo ngokholo, ngeLizwi elibhaliweyo. Kukho into elapho; boba Bomi buNgunaphakade. Wanyulelwa kubo kwangexa elingaphambili.

87 Uyisemkhulu noninakhulu babengamakhozi. Wayelikhozi, konke ukusuka emva. Ikhozi alixubani nezinye izinto. Alingomxube; hayi. Lilikhozi.

88 Ngoko, emva kokuba uliqondile elona Lizwi likaThixo ukuba kuKudla koKhozi, ngoko uzishiyile ezinye izinto. Uye ngoko wabunjelwa kumfanekiso ophilayo woThixo ophilayo. Uve kumzimba wakho welizwi. "Ukuba lomzimba wasemhlabeni uthi uchithwe, sinomnye olindileyo."

Uthi, "Ingaba injalo, Mzalwana uBranham?"

Kulungile, masithabathe iqela lamakhozi kwaye sijonge kuwo okwemizuzu embalwa. Kwakukho igama, indoda ebizwa ngoMoses. Wonke umntu uyazi ukuba umprofeti ubizwa ngokuba likhozi, eBhayibhileni.

89 Kwakukho umprofeti obizwa ngoMoses. Kwaye ngenye imini uThixo wambiza, kwaye engamvumeli ukuba awelele aye ngaphaya kumhlaba, kwaye wa—wafela eLityeni. IiNgelosi zamsusa zaya kumngcwaba.

Kwakukho enye indoda, ikhozi, akwakungafuneki nokuba ife. Yahamba nje yanqumla iYordane, waza uThixo wathumela inqwelo yamahashe ezantsi; kwaye le ngubo yenyama wayilahla, waza wenyuka wathabatha umvuzo wanaphakade.

Amakhulu asibhozo eminyaka kamva, amakhulu asibhozo eminyaka kamva, kwiNtaba Yokuguqulwa, naku kume loo madoda mabini. UMzimba kaMoses wawubolile ikhulu leminyaka, kodwa apha wawukwisimo de nkqu nooPetros, Yakobi, kunye noYohane bamqonda. Amen! "Ukuba lomnquba wasemhlabeni uthi uchithwe," ukuba uluphawu lukaThixo lubonisiwe apha emhlabeni, "unomzimba olindileye emveni kokuba uwushiyile lomhlaba." Nabo apho babekho, bemile kwiNtaba Yokuguqulwa, kumzimba wabo welizwi. Ngokuba, babengababaprofeti apho iLizwi leza kubo.

90 Ngokunjalo masiqaphele omnye umprofeti, ngelinye ixesha, ogama linguSamuweli. Wayeyindoda enkulu. Wayemfundisile uSirayeli; wabaxelela ukuba kwakungafanelekanga ukuba babe nokumkani. Wathi, "Ndakhe ndatsho nanye into kuni eGameni leNkosi kodwa ingeyiyo eyenzekayo?"

Bathi, "Hayi. Yonke into owasoloko uyitsho eGameni leNkosi yenzeka."

Wayengumprofeti, kwaye wafa.

91 Malunga nemithathu okanye emine iminyaka kamva, ukumkani wangena engxakini; oko kwakungaphambi kokuba iGazi likaYesu Kristu lakhe laphalala. Wayese paradesi. Kwaye igqwirha lase Endore labiza umntu othile ukuba eze, ukuze athuthuzele uSawule. Kwaye xa igqwirha lambona emile, lathi, "Ndibona uthixo evuka ephuma emhlabeni."

92 Kwaye emva kokuba indoda ibifile, yangcwatywa, kwaye yabola engcwabeni, nantsi imile apho kulo mqolomba, kunye nengubo yayo yobuprofeti iyinxibile; kwaye yayisengumprofeti, amen, ngokuba yathi, "Kutheni undibizile wandisusa ekuphumleni kwam, ngokuba uyabona ukuba ulutshaba noThixo?" Mqaphele eprofeta. "Ngomso ebusuku, ngeli xesha, uyakuba nam." Wayesenguye umprofeti, nakubeni wayemkile kulo mzimba.

Yabona, wangena apha kwaye wayeyinxalenye yelaLizwi, kwaye wangena ukusuka kubomi benyama ukuya kumzimba owawulungiselelwe yena ngaphambi kokusekwa kwehlabathi. Wangena kumzimba welizwi, owawuliLizwi. Niyayifumana? Apho kulapho onke amakholwa aya khona xa sijika ukusuka apha.

93 Ngoko, kwesa simo, isigqubuthelo siphakanyisiwe. Uyabona, uliLizwi, ngokunjalo, xa ungena ngaphakathi phaya. Njengosana oluncinci; njengoko benditshilo kwixa eligqithileyo . . .

94 Ngoku qaphela. Makabongwe uThixo ngala Matywina avuliweyo, ngumthandazo wam, ukuze sizazi ezi zinto!

95 Ngoku isityhilelo senyaniso sikaMelkitsedeki siza ekuhleni. Intoni? Waye nguThixo, iLizwi, ngaphambi kokuba Abe yinyama; uThixo, iLizwi. Kuba, Wayefanele abenjalo; akukho namnye owayenokuba ngongenakufa nje Ngaye. Yabona, ndinotata kunye nomama; wenze njalo, nawe. UYesu wayenoyise kunye nonina. "Kodwa le Ndoda yayingenayise, okanye ingenanina." UYesu wayenexesha Awaqala ngalo; le Ndoda ayinalo. UYesu wanikela ngobomi Bakhe; le Ndoda yayingenakho, ngokuba YayibuBomi. Kwaye iyiNdoda eyenziwe yakwanye lonke ixesha. Ndiyathemba ukuba uThixo uyayityhila kuni. UMntu okwaSiqu-sinye sakhe, lonke ixesha.

96 Qaphela isihloko Sakhe, "UKumkani wobulungisa." Ngoku, amaHebhere 7:2, "UKumkani wobulungisa, kunye noKumkani woxolo." Ungookumkani ababini. Ngoku qaphela, amaHebhere 7:2, "UKumkani wobulungisa, ngokunjalo uKumkani woxolo." Ungookumkani ababini phaya. Ngoku sukela Ethe weza enyameni kwaye Wamkela umzimba wakhe, kwiZityhilelo 21:16, Ubizwa, "UKumkani wookumkani." Usisithathu sabo bonke, ngokudibeneyo. Yabona, uKumkani Thixo, uKumkani Mzimba welizwi, uKumkani Yesu. "UnguKumkani wookumkani."

Ihlangene yonke, kanye nje ngomphefumlo, mzimba, kunye nomoya, konke kuza kwenze into enye.

97 Ngokunjalo, UnguYise, owayengowokuqala; Nyana; kunye noMoya oyiNgcwele, uMoya.

"UKumkani wobulungisa," uphawu loMoya; umzimba welizwi, "UKumkani wo—woxolo," umzimba welizwi; kwaye enyameni Waye "nguKumkani wookumkani," uMntu okwamnye.

98 Xa umzimba welizwi, uMoses wabona Yena, i-Eksodus 33:2, Wayengumzimba welizwi. UMoses wafuna ukubona uThixo. Wayelivile ilizwi Lakhe, wamva Yena ethetha naye, wambona Yena etyholweni, njenge Ntsika yoMlilo enkulu. Kwaye wathi, "Ungubani Wena? Ndifuna ukwazi Ungubani na Wena." UMoses wathi, "Ndiyakubeka . . . " "Ukuba Uyakundivumele ndikubone Wena, ndingathanda ukubona ubuso Bakho."

99 Wathi, "Akukho mntu unokububona ubuso Bam." Wathi, "Ndiyakubeka isandla Sam emehlweni akho, kwaye Ndiyakugqitha. Kwaye ungawubona umva Wam, kodwa hayi ubuso Bam." Yabona? Kwaye xa Wakwenzayo, yayingumva weNdoda; yayiyi ngumzimba welizwi. Ngoko iLizwi eleza kuMoses, "NDI NGUYE," elo yayiliLizwi. ILizwi leza kuMoses kwimo yeNtsika yoMlilo kwityholo elivuthayo, u "NDI NGUYE."

100 NjengeLizwi lisuka kwimfundo yezenkolo . . . lisuka kumzimba welizwi, gxebe. Uxolo. Weza ku-Abraham njengeNdoda, phantsi komthi wom moki. Ngoku jonga phaya. Nako kusiza iNdoda ku-Abraham, abathathu babo, baze bahlala phantsi komthi wom moki, abathathu babo. Kwaye qaphela, emva kokuba Ethethe no-Abraham . . .

101 Wayezele ntoni Yena? U-Abraham, ekubeni engulowo onesithembiso kunye nomyalezo wonyana ozayo, kwaye ngokunjalo wayeliLizwi-mprofeti kaThixo owayethembe iLizwi likaThixo, ebiza yonke into echaseneyo njengengekho njalo. Yabona ligqibelele kanjani iLizwi? ILizwi leza kumprofeti. Yabona, nako uThixo kumzimba welizwi. Kwaye iBhayibhile yathi, "ILizwi liza kumprofeti." Kwaye naku kwakukho i—iLizwi kumzimba welizwi.

Ngoku uthi, "Ingaba yayinguThixo lowo?"

102 U-Abraham uthi yayinguye. Wathi igama Lakhe, yayingu, wambiza Yena Elohim. Ngoku kwiGenesis 1, uyafumanisa, "Ekuqalekeni u*Elohim* wadala amazulu kunye nomhlaba." KwiGenesis 18, siyafumanisa ukuba—ukuba u-Abraham wambiza loMntu . . . owayehleli kwaye ethatha naye, kwaye enokumxelela imfihlelo zentliziyo yakhe, amxelele okwakucingwa nguSara emva Kwakhe. U-Abraham wathi, "Ngu Elohim." Wayekwisimo somzimba welizwi. Niyayifumana? Qaphela emva . . .

103 Ngoku siyafumanisa ukuba Waye ngoko ekwisimo somzimba welizwi. Wambiza Yena, "Nkosi Thixo, Elohim." Ngoku, kwiGenesis 18, siyafumanisa ukuba oko kuyinyaniso.

104 Ngoku qaphela u-Abraham. Kwakukho abathathu babo bedibene, kodwa xa u-Abraham wadibana nesithathu, wathi, "Nkosi yam."

Kodwa xa uLote, ezantsi eSodom; ababini babo behla baya apho, kwaye uLote wabona ababini babo besiza, waze wathi, “Zinkosi zam.” Yabona, yayiyintoni ingxaki? Indawo yokuqala, uLote waye ngengomprofeti, injalo lonto, okanye engenguye nomthunywa weyure, ke wayengenaso nasinye isityhilelo Sakhe. Ngokuqinisekileyo yinyaniso. ULote wayenokubabiza “zinkosi.” Iqela labo, wayenokutsho, “zinkosi.”

Kodwa akukhathaliseki nokuba babebangaphi awababonayo u-Abraham, Yayiyi Nkosi enye futhi. Nanko uThixo. Lona yayinguMelkitsedeki.

105 Qaphela, emva kokuba imfazwe yayigqithile, uMelkitsedeki wadlisa umntwana Wakhe owoyisileyo umthendeleko; yicinge lonto, inxalenye Yakhe! Ngoku sifuna ukubona apha. Umfuziselo apha use, ekudleni, umthendeleko. Emva kwemfazwe, Wanikezela ngokuNguye, ngokuba umthendeleko yinxalenye kaKristu. Kwaye xa ukulwa kugqithile, emva kokuba ugqibile ukufumana ukubethwa, ngoko kulilixa uxhamla kuKristu, uba yinxalenye yesiSiqu. Niyayifumana?

106 UYakobi wajijisana ubusuku bonke, kwaye waye engenakumyeka Yena ade Amsikelele. Ilungile lonto. Walwela uBomi! Kwaye emva kokuba ukulwa kugqithile, ngoko uThixo ukunika okuNguye. Oko ngumthendeleko Wakhe wenyaniso. Isonkana esincinci kunye nesonka somthendeleko simele nje Lonto. Akufanelekanga usithabathe de ube ujijisene waza waba yinxalenye kaThixo.

107 Khumbulani, ngeli xesha, umthendeleko zange wenziwa, hayi kwade kwangaphambi kokufa kuka Yesu Kristu, amakhulu namakhulu namakhulu eminyaka kamva.

108 Kodwa uMelkitsedeki, emva kokuba umntwana waKhe u-Abraham eluphumelele uloyiso, uMelkitsedeki wamhlangabeza kwaye wamnika iwayini kunye nesonka; ebonisa ukuba emva kwalemfazwe yasemhlabeni igqithile, siyakuhlangana Naye emazulwini kwaye sithabathe umthendeleko kwakhona. Iyakuba siSidlo soMsitho. “Andisayi kuyisela kwakhona iwayini, okanye nditye isiqhamo, ndide Ndisidle kwaye ndiyisele kunye nani, ngokutsha, ebuKumkani bukaBawo.” Ingaba injalo?

109 Qaphela kwakhona, uMelkitsedeki wahamba waya kuhlangabeza u-Abraham ngaphambi kokuba afike ekhaya. Onjani wona ukubamhle umfuziselo esinawo apha! UMelkitsedeki ehlangabeza u-Abraham ngaphambi ngokuba abuyele emva ekhaya, emva kwemfazwe.

Sihlangana noYesu emoyeni, ngaphambi kokuba sifike eKhaya. Injalo lonto. AmaTesalonika eSibini asixelela oko, ngokuba, “sihlangana Naye emoyeni.” Umfuziselo omhle kaRebheka ehlangana no-Isake, entsimini, ekupholeni kwemini. “Sihlangana Naye emoyeni.” AmaTesalonika eSibini

asixelela njalo. “Kuba thina abasaphilayo nabaseleyo asisayi kubantintela okanye sibanqande abo bathe balala; ngokuba ixilongo likaThixo liyakukhala; abafele kuKristu bavuke kuqala; thina abo basaphilayo nabaseleyo siyakuxhwilwa sonke sinyuswe kunye nabo, siye kuhlangabeza iNkosi emoyeni.” Igqibelele, yonke le mifuziselo.

110 Ngenxa yoko, umzimba welizwi, xa ubufile kwaye wangena kula mzimba welizwi, (kwenzeka ntoni?) umzimba welizwi uza emhlabeni uze kuchola umzimba ohlangulweyo. Kwaye ukuba ulapha emoyeni, uthabatha umzimba ukuya kuhlangabeza umzimba welizwi, nako apho ukhoyo, “kwaye sixhwilelwe phezulu, size siye kuhlangabeza iNkosi emoyeni.”

111 Ngubani lo Melkitsedeki kodwa nguThixo!

112 Ngoku sibona apha ngokucacileyo imfihlo epheleleyo yobomi bethu eluhambeni, nokufa, kunye nalapho siya khona emva kokuba sifile. Ngokunjalo, ulwanyulo lwexa elingaphambili lusekuhleni apha. Ngoku phulaphula njengokuba siyifundisa lento, ngendzondelelo.

113 Izigaba ze—zenjongo eNgunaphakade Awayenayo emfihlweni Yakhe ityhiliwe ngoku. Qaphela, kusekho izigaba ezintathu ukuya kwingqibelelo. Nje ngokuba Walihlangulayo ihlabathi; indlela ekwanye Ahlangula ngalo iBandla Lakhe. Uhlangula abantu kwizigaba ezithathu. Ngoku jonga. Kuqala lugwetyelo, njengoko uLuther washumayelayo; okwesibini, ungcwaliseko, njengoko uWesley washumayelayo; okwesithathu, ubhaptizo lukaMoya oyiNgcwele. Injalo lonto. Emva koko kuze uXwilo!

114 Ngoku, ihlabathi, Walihlangula njani ihlabathi? Okokuqala, Wenza ntoni, xa lonayo, Walihlamba ngobhaptizo lwamanzi. Injalo lonto. Emva koko Wawisa iGazi Lakhe phezu kwalo, ukususka emnqamlezweni, kwaye walihlambulula waza walibiza ElileLakhe. Kwaye Wenza ntoni emva koko? Njengoko Elikrazula ihlabathi liphume kuwe, kwaye ayakhe kwakhona yonke into ngobhaptizo oluvuthayo lukaMoya oyiNgcwele, Uyakulakha kananjalo ihlabathi. Kwaye liyakutshiswa kwakhona ngoMlilo, kuze kucocwe yonke intsholongwane, izigidi zeemayile ukuphakama, yonke into iyakucocwa. Kuze emva koko kubekho iZulu eLitsha kunye noMhlaba oMtsha, njengoko usisidalwa esitsha kuKristu uYesu xa uMoya oyiNgcwele uthe wakufumana. Yabona, nako ke apho ukhoyo, iyonke nje lento icacile nje ngokuba inganakho. Yonke into isesithathwini.

115 Uzalo lwenyama lusesithathwini. Yintoni eyokuqala eyenzekayo kumfazi xa efumana usana? Yintoni egqabhukayo kuqala? Amanzi. Yintoni egqabhukayo elandelayo? Igazi. Yintoni eyenzekayo elandelayo? UBomi. Amanzi, igazi, umoya.

Kwenzeka ntoni esityalweni? Siyabola. Yintoni into yokuqala? Isiqu. Yintoni into elandelayo? Inquma. Yintoni elandelayo? Ikhasi. Emva koko ukhozo luyaphuma koko. Nje izigaba ezintathu zayo, de ifike kwikhozo. Yiyo ngokuchanekileyo.

116 UThixo uyakungqinela oko. Oko kwasoloko kulungile. UThixo uyakungqinela ukuba kuyinyaniso. Kubonisa ngokucacileyo, owanyulwa ngexa elingaphambili kuphela kwakhe obalelwe kwintlangulo. Niyayifumana lonto? Mandikutsho oko kwakhona. Owanyulwe ngexa elingaphambili kuphela kwakhe obalelwe kwintlangulo. Abantu bangenza ngokufanayo, bacinga ukuba ngabo, kodwa intlangulo yenene ngabo banyulwa ngexa elingaphambili. Ngokuba, kwa igama elithi *ntlangulo* lithetha "ukubuyisela emva." Ingaba ilungile? I*ntlangulo* yinto ethile . . . Uku*hlangula* nayiphi into, kuku, "buyisela emva kwindawo yayo yokuqala." Haleluya! Ke kuphela ngabanyulwa ngexa elingaphambili abayakubuyiselwa emva, ngokuba abanye abasuki Phaya. Yabona, "buyisela emva!"

117 Ekubeni uNgunaphakade kunye Naye, ekuqalekeni . . . UBomi obuNgunaphakade obe unabo, ingcinga Zakhe zoko wawukuko, kuphela, Wafuna wena uku . . . Wafuna mna ndime epulpitini, ndithethe. Wafuna nina nihlale esitulweni ngobubusuku. Ngoko senza injongo Yakhe eNgunaphakade. Kwaye lowo ushiye ikhaya, uze kuphela emhlabeni ukwenza injongo Yakhe. Ingaba injalo? Kulungile. Ngoko, emva kokuba ugqibile, uyabuyiselwa emva kwimo ezukisekileyo; ugqibelele kwaye ubuyiselwa emva kwakhona.

118 Akumangalisi uPawulos wayengatshoyo, xa babesakha isiqobo ukuze banqumle intloko yakhe isuke; wathi, "Owu kufa, luphi ulwamvila lwakho? Owu ngcwaba, luphi uloyiso lwakho? Kodwa makubulelwe kuThixo Osinika uloyiso!" Wathi, "Kufa, ndixelele kuphi apho ungandenza ndikhale! Ngcwaba, ndixelele kuphi apho uyakundigcina khona! Ngokuba, ndingonabo uBomi obuNgunaphakade." Amen! Wayiqonda. Ukufa, isihogo, ngcwaba, akukho nantoni na eyayinokumbamba. Kwaye akukho nanto enokusihlungisa, sifumene uBomi obuNgunaphakade! Waqonda ukuba wayesikelelwe ngoBomi obuNgunaphakade.

119 Njengeqabazana lombethe elincinci. Ukuba ndiyayiqonda, liyi . . . Andazi kakhulu ngezobuchiza. Kodwa, kufanele ukuba ikokuya kuku—ukujiya kokufuma okanye umoya ojikeleza umhlaba. Kwaye xa ubusuku bubanda kwaye bubemnyama, iwa isuka emazulwini kwaye iwele emhlabeni. Iwa isuka ndaweni ithile. Kodwa kwintsasa elandelayo ngaphambi kokuba ilanga liphume, ilele phaya, into encinci, ingcangcazela. Kodwa yeka nje ilanga liphume, qaphela iye ikhazimle. Iyavuya. Kutheni? Ilanga lizakuyibizela kanye emva apho isuka khona.

Kwaye yiloo ndlela ikunye nomKristu. Haleluya! Siyazi xa sisiya kuBukho bukaThixo, into ethile kuthi isixelela ukuba sisuka ndaweni ithile, kwaye siyabuyela emva kwakhona ngala Mandla asitsalayo.

120 Iqabazana lombethe elincinci, liyakhazimla kwaye libengezele kwaye likhwaze, ngokuba liyazi ukuba lisuka phezulu phaya, kwaye ela langa lizakulitsala lilibuyisele kanye emva phezulu kwakhona.

Kwaye indoda eluphawu likaThixo, ezalwa ngoThixo, iyazi, haleluya, xa ihlangana kunye noNyana kaThixo, izakutsalwa inyuswe ukusuka apha ngenye imini. "Ngokuba ukuba Ndiyaphakanyiswa ukusuka emhlabeni, Ndiyakubatsalela kuM bonke abantu." Amen!

121 Ngoku qaphela, ngoku, sibona uMelkitsedeki nokuba kutheni uMariya wayengenguye unina Wakhe. Seso sizathu Wambiza yena "mfazi," hayi *mama*. "Wayengenayise," ngokuba Waye enguYise, uYise wanaphakade, isithathu kwiSinye. "Wayengena nina," ngokuqinisekileyo hayi. Wayengena yise, ngokuba Waye enguYise. Njenge mbongi yathi ngelinye ixesha, ithetha isincomo esikhulu ngoYesu, yathi:

> NDI NGUYE lowo wathetha kuMoses kwityholo elivuthayo lomlilo,
> NDI NGUYE uThixo ka-Abraham, eQaqambileyo neNkwenkwezi yoKusa.
> NDI NGUYE Alpha, Omega, isiqalo ukusuka ekugqibeleni.
> NDIYIYO yonke indalo, kwaye uYesu liGama. (Ilungile.)
> Owu, nithi Ndingubani, kwaye bathi Ndivela phi,
> Niyamazi uBawo Wam, okanye ningalichaza iGama Lakhe? (Haleluya!)

122 Elo liGama likaBawo! Ehe, "Ndize eGameni likaBawo, kwaye anindamkelanga Mna." Yabona? Ngokuqinisekileyo, Unguye izolo, namhlanje, naphakade.

123 Kwaye lo Melkitsedeki waba yinyama. Wazityhila Yena njengoNyana womntu xa Wezayo, njengoMprofeti. Uza ngamagama amathathu kaNyana; uNyana womntu, uNyana kaThixo, uNyana kaDavide.

124 Xa Wayelapha emhlabeni, Waye enguMntu, ukuzalisekisa iSibhalo. UMoses wathi, "INkosi uThixo wenu uyakuvusa uMprofeti onjengam." Ke kwakufanele eze Yena njengoMprofeti. Akazange, zange wathi, "NdinguNyana kaThixo." Wathi, "NdinguNyana womntu. Niyamkholelwa uNyana womntu?" Kuba, yilonto kufanele Angqine ngayo, ngokuba yilonto Waye eyiyo.

Ngoku Uze eGameni lomnye uNyana, uNyana kaThixo; ongabonakaliyo, uMoya.

Kwaye xa Esiza kwakhona, UnguNyana kaDavide, ukuza kuhlala etroneni Yakhe.

125 Ngoku xa Wayelapha kwaye Wenziwa inyama, Wayebizwa, "uNyana womntu." Ngoku, Uzenze njani Ngokwakhe aziwe ehlabathini njengo Nyana womntu, uMprofeti?

126 Ngenye imini ndandibalisa ibali likaPetros no Andreya, umzalwana wakhe. Babengabalobi bentlanzi, kwaye uyise wabo uYona wayelikholwa elidala elikhulu. Ngenye imini bathi wahlala phantsi ecaleni komkhombe. Wathi, "Bonyana, niyazi ukuba besithandaza njani xa sifuna iintlanzi." Babengabalobi abathengisayo. Wathi, "Besimthembile uThixo, uYehova, ngokuphila kwethu. Kwaye ndiyaluphala ngoku; andinakuhlala nani makhwenkwe ixesha elide. Kwaye bendisoloko, njengawo onke amakholwa enyaniso, ndijonge ixesha xa la Mesiya eya kufika. Sibe nazo zonke iintlobo zabobuxoki, kodwa kuza Oyena uyinene, ngenye imini." Kwaye wathi, "Xa lo Mesiya efika, andifuni nilahlekiswe nina makhwenkwe. Lo Mesiya akasayi kuba sisifundiswa nje sezakwalizwi. Uyakuba nguMprofeti, ngokuba umprofeti wethu uMoses, lowo yena simlandelayo, watsho."

Ngoku, nawuphi umJuda uyakumkholelwa umprofeti wakhe. Ufundisiwe ukuyazi lonto. Kwaye ukuba umprofeti uthetha nayiphi into enjalo, ngoko leyo yinyaniso. Kodwa uThixo wathi, "Ukuba kukho othile phakathi kwenu, owomoya, okanye umprofeti, Mna Nkosi Ndiyakuzazisa kuye. Kwaye oko akutshoyo kuyenzeka, ngoko mveni yena kwaye nimoyike; kodwa ukuba ayenzeki, ngoko sanukumoyika konke konke." Yabona? Ke yayilu—ugqinelo lomprofeti.

127 "Ke uMoses wayengumprofeti ongqinelweyo ngenene, kwaye wathi, 'INkosi uThixo wenu iyakuvusa, phakathi kwenu, ophuma kubazalwana benu, uMprofeti onje ngam. Kwaye bonke abangayi kumphulaphula bayakunqanyulwa basuswe ebantwini.'" Wathi, "Ngoku, bantwana, khumbulani, ukuba, njengamaHebhere, sikholelwa kwabangqinelweyo abaprofeti bakaThixo."

Ngoku phulaphulisisani. Ningayiphosi. Kwaye wathi, "Xa uMesiya esiza, niyakumazi Yena, ngokuba Uyakuba nguMprofeti-Mesiya. Ngoku, bathi ibe ingamakhulu amane eminyaka. Asikhange sibe namprofeti ukusukela kuMalaki, kodwa iyakuba nguye!"

128 Ngenye imini, emva kokufa kwakhe, kwimnyaka embalwa, unyana wakhe u-Andreya wayehambahamba ezantsi elunxwemeni. Kwaye weva indoda engqwabalala ephuma entlango, isithi, "Laa Mesiya ume phakathi kwenu ngoku!" Ela khozi likhulu elavuka entlango laza labhabhela apho,

yathi, “UMesiya uphakathi kwenu kanye ngoku. Asimazi Yena okwangoku, kodwa Ume phakathi kwenu. Ndiyakumazi Yena, ngokuba ndiyakubona umqondiso usiza uvela eZulwini.”

Ngenye imini wathi, “Nanko, bonani, yiMvana kaThixo ethatha isuse isono sehlabathi!”

Mgama yemka i. . .yemka lendoda, ukuya kufuna umzalwana wayo. Yathi, “Simon, ndifuna uze ngapha; simfumene uMesiya.”

“Owu, qhubekeka, Andreya! Wazi ngcono kunoko!”

“Owu, ndiyazi. Kodwa, leya, lo Mntu wahlukile.”

“Uphi Yena? Uvela phi Yena?”

“UYesu wase Nazarete.”

“Lowa mncinci, mbi umzi? Kutheni, Akanakuphuma kwembi, emdaka indawo enjenga leya.”

“Yiza nje ubone.”

129 Ekugqibeleni wamcenga ukuba ahle aye ngenye imini. Ke xa wafika phambi kwalo Mesiya, uYesu emile apho, ethetha nabantu. Xa wahamba waya phambi Kwakhe, Wathi, “Igama lakho ungu Simon, kwaye ungunyana kaYona.” Kwabe kugqityiwe. Wafumana izitshixo zokungena ebuKumkanini. Kutheni? Wayazi ukuba la Mntu ebengamazi. Kwaye Umazi njani, kwaye la tata umdala unobuthixo owamfundisayo ukuba angamkholelwa njani uMesiya?

130 Kwakukho indoda imile apho, egama linguFilipu. Owu, wathabatheka kakhulu! Wayesazi enye indoda, ebefundisisa iBhayibhile kunye nayo. Mgama wemka, ekujikeleni induli, kwaye wamfumana phandle phaya kwisitiya sakhe somnquma. Wayeguqe phantsi, ethandaza. Babenezifundo zeBhayibhile ezininzi kunye, ke waphuma waya apho. Kwaye wathi, emva kokuba egqibile ukuthandaza, wathi, “Yiza, ubone Lowo simfumeneyo; uYesu waseNazarete, unyana kaYosefu. Unguye uMesiya ebesimfuna.”

Ngoku ndingamva uNathaniyeli esithi, “Ngoku, Filipu, akulahlekanga, akunjalo?”

131 “Owu, hayi. Unotshe. Ngoku mandikuxelele. Uyazi, besifundisisa iBhayibhile kunye, nokuba uthe umprofeti uMesiya uyakuba yintoni?”

“Uyakuba nguMprofeti.”

“Uyamkhumbula lamlobi ntlanzi mdala owathenga intlanzi kuye, owayengenamfundo yaneleyo yokutyikitya igama lakhe, obizwa ngoSimon?”

"Ehe. Uh-huh."

132 "Wenyuka. Kwaye uyazi intoni? Lo Yesu waseNazarete wamxelela ukuba igama lakhe lalingu Simon, waliguqulela igama lakhe kuPetros, ntoleyo eli 'litye elincinci' kwaye wamxelela ukuba ngubani uyise wakhe."

"Kulungile," watsho—watsho, "andazi. Ingaba ikho na into elungileyo egaphuma eNazarete?"

133 Wathi, "Masingathethi ngayo; yiza nje ubone." Elo licebo elilungileyo, "Yiza ubone."

Ke nanko kusiza uFilipu, esizisa uNathaniyeli. Kwaye xa wafika wenyuka, uYesu mhlawumbi emile, ethetha, mhlawumbi ethandazela abagulayo emgceni wokuthandazelwa. Kwaye xa wezayo apho uYesu wayekhona, uYesu wamkhangela, waza wathi, "Bonani umSirayeli khona kuye okungekho nkohliso."

134 Ngoku, uthi, "Kulungile, yayiyi ndlela awayenxibe ngayo." Owu, hayi. Bonke abasempuma banxiba ngokufanayo. Wayesenokuba ngumSiriya, okanye abe yenye into ethile; intshebe, ingubo.

135 Wathi, "Bonani umSirayeli khona kuye ekungekho nkohliso," ngenye indlela, "ethembekile, nyanisekileyo indoda."

Kulungile, olwa hlobo lothobekileyo uNathaniyeli. Kwaye wathi, "Rabhi," okuthetha, "mfundisi." "Rabhi, undazelephi Wena? Undazi kanjani Wena ukuba ndingumJuda? Undazi kanjani Wena ukuba ndithembekile, akukho nkohliso?"

136 Wathi, "Ngaphambi kokuba uFilipu akubize, xa wawuphantsi komthi, Ndakubona." Uh! Ishumi elinesihlanu leemayile kude, kwelinye icala lelizwe, kusuku olungaphambili.

Wathini? "Rabhi, Wena unguye uNyana kaThixo. Wena unguye uKumkani kaSirayeli!"

137 Kodwa nako kumi abo babingeleli apho, abazihombisileyo, abazenze lukhuni, bathi, "Le Ndoda nguBhelezabhule, umvumisi."

UYesu wathi, "Ndiyakunixolela ngoko."

138 Ngoku, khumbulani, zange bayitsho ngokukhwaza, koko bayitsho ezintliziyweni zabo. "Kwaye Wabona iingcinga zabo." Injalo lonto. Yilonto iBhayibhile iyitshoyo. Yibize *ufundo lwengqondo* ukuba uyafuna, kodwa Wa—Wazibona iingcinga zabo.

139 Kwaye Wathi, "Ndiyanixolela ngoko. Kodwa ngenye imini uMoya oyiNgcwele uyakuza aze enze kwa lento inye," emva kokumka Kwakhe; "thetha ilizwi elichasene Naye, sokuze ixoleleke kwelilizwe okanye nakwilizwe elizayo." Ingaba injalo? [IBandla lithi, "Amen."—Mhl.] Ngoku, abo yayingamaJuda.

Ngoko ngenye imini Wayenesidingo sokuya eSamari. Kodwa nje ngaphambi kokuba sikwenze oko, sifumana umfazi, okanye i. . .

140 Indoda, njengokuba yayihamba ngesango elibizwa Lihle, kuba yaphiliswa. Kwaye uYesu wayeyazi imeko yayo, waza wayixelela, "Thabatha ikhuko lwakho kwaye ugoduke." Kwaye yayenza, yaza yaphila.

Ngoko siyafumana, amaJuda, amanye awo amamkela Yena. Amanye ayikholelwa; amanye akazange. Kutheni lento angazange ayikholelwe? Babengabekelwanga uBomi. Babe ngeyonxalenye yelophawu.

141 Ngoku khumbulani, bona babe ngababingeleli kunye namadoda amakhulu. Kwaye uYesu. . . Cinga ngezozifundiswa zakwalizwi kunye nababingeleli, abantu owawu ngenakufumana gxeke ebomini babo. UYesu wathi, "Ningabaka yihlo wenu umtyholi, kwaye nemisebenzi yakhe niyayenza." Wathi, "Ukuba beni ngaba kaThixo, beniya kundikholelwa Mna. Ukuba aninakundikholelwa Mna, kholelwani i—kholelwani imisebenzi Endiyenzayo; ingqina ukuba Ndingubani Mna."

142 Ngoku, iBhayibhile yathi, ukuba, "UYesu unguye izolo, namhlanje, naphakade." UYesu wathi, "Imisebenzi Endiyenzayo uyakuyenza lowo uthi akholelwe kuM ngokunjalo." Injalo lonto? Qaphela, lowo yayinguMelkitsedeki wenene ngoku.

143 Ngoku qaphela, kwakhona, kwakukho kuphela iintlanga ezintathu zabantu.

Nindivile ndisithi ndingumcalucaluli. Ndinguye. Onke amaKristu angabacalucaluli; hayi ukucalucalula ngokwebala, kodwa ukucalucalula komoya. Ibala lofele lomntu alinanto yakwenza naye. Ungumntwana kaThixo ngoZalo. Kodwa umKristu, uThixo wathi, "Ndahluleleni Mna!" "Phumani phakathi kwabo," nanjalo njalo. Ungumcalucaluli, wokungcolileyo, phakathi kokulungileyo nokungalunganga.

144 Kodwa qaphela, babenocalucalulo ngoko, ucalucalulo lobuhlanga, owaye engumSamariya.

Kwaye kukho kuphela iintlanga ezintathu emhlabeni; ukuba siyayikholelwa iBhayibhile; ezo ngu, Ham, Shem, kunye nabantu bakaYafete. Abo ngoonyana abathathu bakaNowa. Siphuma apho sonke. Injalo lonto. Lonto isenza siphume sonke ku-Adam, ntoleyo isenza ukuba sibengabazalwana. IBhayibhile ithe, "Ngegazi elinye uThixo wadala zonke izizwe." Singabazalwana sonke, ngomsinga wegazi. Umntu webala anganikezela ngegazi kumntu omhlophe, okanye ngolunye uhlobo. Umntu omhlophe anganika u—umJapan, umntu otyheli, okanye iNdiya, umntu obomvu, okanye

nawuphi, okanye umYafete, okanye nantoni, angamnika uthiwo lwegazi, 'kuba siligazi elinye sonke. Ibala lofele lwethu, apho sihlala khona, akunanto yakwenza nalonto.

Kodwa xa sicalulekile, kuxa siphumayo ehlabathini, njengoko Wamkhuphayo uSirayeli ngaphandle kweYiphutha. Apho kuxa sihlukanayo kwizinto zehlabathi.

145 Ngoku, babenguHam, Shem, kunye nabantu bakaYafete. Kwaye ukuba besinalo ixesha lokujonga umlibo sibuye umva, ubungabona um-Anglo-Saxon, apho aphuma khona. Ngoku, lowo yayi ngumJuda . . . UmSamariya, owayengumxube womJuda kunye neNtlanga, owatshata eziNtlangeni ezenzweni zikaBalam, kunye noMowabhi. Babe ngamaSamariya. Kwaye kwakukho umJuda kunye neNtlanga.

Ngoku, thina ma Anglo-Saxon asinanto yakwenza kunye nanye yalonto. Sasingakholelwa namnye uMesiya, nayiphi into engenye. Sasingakhangeli nomnye. Sangeniswa ngaphakathi kamva.

UYesu weza KwaBakhe, baza Abakhe Abamamkela Yena. Kwaye Wathi kubafundi Bakhe, "Ningahambi niye ngendlela yeeNtlanga, kodwa yiyani noko kwizimvu ezilahlekileyo zikaSirayeli." Kwaye Waya kuphela kwizimvu ezilahlekileyo zikaSirayeli. Kwaye qaphela, Wazibonakalisa Yena njengo Nyana womtu, phambi kwamaJuda. Bayala Yona.

Ngoku, amaSamariya, ekubeni engumxube wobuJuda nobuNtlanga, babekholwa nabo, kwaye babekhangela uMesiya.

Sasingenjalo. Sasingabahedeni, kunye namagqudu kwimiqolo yethu, sinqula izithixo; iNtlanga.

146 Kodwa ngoku ngenye imini, uYohane oNgcwele isi-4, Wayenesidingo sokuya eSamari, endleleni Yakhe ukuhla ukuya eJericho. Kodwa yajikela eSamari. Kwaye ngelixa Esanyuka apho, Wahlala phantsi emthonjeni ngaphandle komzi obizwa ngeSikare. Kwaye iqula, ukuba wakhe walapho, ingomncinci umbono obanzi malunga noku njena apha. Kwaye kukho owomntu wonke umthombo phaya, wamanzi, apho bonke babesiza. Kwaye abafazi babesiza kusasa, bathabatha imiphanda yabo yamanzi, baze bayibeke kwiintloko zabo, kwaye enye kwicala ngalinye lethanga, aze ahambe nawo ngokuthe nqo njengoku kunokwenzeka, kungachitheki nethontsi; bencokola omnye nomnye. Ke, babeya, abantu babeya kuphuma beze apho.

147 Ke oku kwakumalunga nentsimbi yeshumi elinanye emini. Ke Wathumela abafundi Bakhe kuwo umzi, ukuya kuthenga okuthile okutyiwayo, ukutya. Kwaye ngethuba basahambile . . .

148 Kwakukho umfazi odume kakubi. Sinokumbiza yena, namhlanje, umfazi osisibane esibomvu, okanye ihenyukazi.

Wayenamadoda amaninzi. Ke ngelilixa uYesu ehleli phaya, lo mfazi weza malunga nentsimbi yeshumi elinanye. Yabona, wayengenakuza kunye neentombi xa zisiza kusasa ukuza kukha amanzi azo okuhlamba; kwakufanela alinde zide zonke. . . Babengaxubani njengoko besenza ngoku. Wayephawulwe. Ngoko ke, waphuma weza kukha amanzi, ke wathabatha isitho esidala, waza wafaka iziqhoboshi kwingobozi, waza waqalisa ukuyithoba.

Wava Mntu uthile esithi, "Mfazi, ndizisele Mna isiselo." Ngoku, khumbula, lona nguMelkitsedeki. Lona nguYesu, izolo, uNyana womntu.

149 Kwaye wabhekabheka, waza wabona umJuda. Ke wathi, "Mhlekazi, akulungile ukuba umJuda acele nantoni na kumSamariya. Ndingumfazi waseSamariya, ke Uthethe ngaphandle kwendawo Yakho. Ubungafanelakanga undicela into enjalo. Asinabudlelwana thina nani."

150 Wathi, "Kodwa ukuba ubusazi ukuba Ngubani lo uthetha kuwe, ubuya kucela kuM isiselo."

Wathi, "Uzakuwakha njani Wena? Iqula linzulu, kwaye Wena akunanto yakukha."

151 Wathi, "Amanzi Endikunika wona ngaManzi oBomi, ampompozela kuBomi obuNgunaphakade."

Wathetha naye de Wafumana eyayikuko imeko yakhe. Kwaze emva koko i. . . Qaphela Awakutshoyo kuye ngoku, "Hamba ubize indoda yakho kwaye uze apha."

Kwaye wathi, "Andina ndoda."

152 Wathi, "Uthethe inyaniso, ngokuba ubunamahlanu, kwaye nalena uhlala nayo ngoku asiyoyakho. Ke, koku, uthethe inyaniso."

Qaphela umahluko phakathi kwaloo mfazi kunye nelaa gquba labab ingeleli. Wayesazi kakhulu malunga noThixo kunela gquba lonke labab ingeleli benzile, bedityanisiwe.

153 Wathi, "Mhlekazi, ndiyabona ukuba UnguMprofeti." Wathi, "Asibanga naye namnye kumakhulu amane eminyaka. Ngoku, siyazi ukuba uMesiya uyeza. Kwaye xa uMesiya efika, yilonto Ayakuyenza." Yayingumqondiso kaMesiya, ngokuba WayenguNyana womntu. Wathi, "Yilonto Ayakuyenza xa athe Wafika. Kufanele ukuba ungumprofeti Wakhe."

154 Wathi, "NdiNguye." Akukho namnye unokutsho oko.

155 Walahla lomphanda waza wabaleka waya kuwo umzi, waza wathi, "Yizani, nibone uMntu Ondixelele izinto endakha ndazenza. Asingebi ngoyena Mesiya?"

Ngoku khumbulani, Wathembisa ukuyenza lonto ikwanye ekupheleni kohlanga lweNtlanga.

AmaJuda ayenamawaka amane eminyaka ekhangela loo uMesiya, amawaka amane eminyaka emfundiso yokuba Uyeza, kunye noko Wayeya kukwenza xa Efika apho, kwaye basilela ukumbona Yena, okanye basilela ukuyiqonda. Kwaye xa Wazazisa Yena ngokwemimiselo yeBhayibhile Awathi Uyakubanjalo, xa Waye ngumzimba welizwi kwaye emva koko waba yinyama waza wahlala phakathi kwabo, basilela ukuyibona, kwaye bayibiza imisebenzi Yakhe ngemisebenzi yomtyholi.

156 Ngoku sibe namawaka amabini eminyaka emfundiso, ukuhla ukuza ngebandla lobuKatolika baseRoma, emva kwabapostile. Emva koko sehla saza ngobuKatolika baseRoma, ubuGrike, njalo njalo, ukuqhubeka ukuhla ukuya kwisigaba sikaLuther, kunye noWesley, nokunye, amakhulu asithoba emibutho eyahlukeneyo esihla esiza. Babenazo zonke ezi zigaba, imfundiso.

Ngoku Wathembisa, nje ngaphambi kokuba ukuphela kwexesha kufike, ukuba umfanekiso wase Sodom nase Gomora uyakubakho kwakhona, "Njengokuba kwakunjalo ngemihla yase Sodom, kuyakubanjalo ekuzeni kokuphela kwexesha, uNyana womntu Uyakuzityhila kwakhona." [Indawo enganto eteyiphini—Mhl.]

"Kodwa iyakuba lixeshana elincinci ihlabathi lingandiboni Mna kwakhona; kodwa nina niyakundibona Mna, ngokuba Ndi," isimelabizo somntu, "Ndiyakuba nani, nangaphakathi kuni, kuye ekutshatyalalisweni, ukuphela kwehlabathi. Ndiyakuba nani." Unguye izolo, namhlanje, naphakade. Niyabona?

157 Niyabona, um*Samariya* yayingu, ncakasana, ukusuka kwintshumayelo yam yobusuku obugqithileyo, yayingu Hagare, yabona, umfuziselo ogqwethekileyo. Um*Juda* yayingu Sara, okanye Sarah-ite. Kodwa i*Ntlanga* yephuma kuMariya, iMbewu yaseBukumkanini, iMbewu ka-Abraham yaseBukumkanini.

158 Ngoku ithenjisiwe ukuba kule imihla yokugqibela, ukuba, lo Thixo mnye, lo Kristu mnye, uyakubuyela apha kwaye Azityhile njengo Nyana womntu.

Kutheni? Unguye izolo, namhlanje, naphakade. Kwaye ukuba Wawenza loo maJuda ahambe ngayo, aze awanike lamqondiso kaMesiya, aze emva koko aze ukupheleni kwemfundiso yeNtlanga aze aziyeke nje ziqhubeke kufundo lwezenkolo, Uyakuba ngongelolungisa. Kufanele Enze kwa into enye, ngokuba iBhayibhile ithe, kumashu-. . . AmaHebhere 13:8, "Ukwanguye."

Kwaye Uthembisile kuMalaki isi-4, kunye nakuzo zonke ezahlukeneyo iZibhalo, ukuba, imihla yokugqibela, ibandla liyakuhlala nje kanye ngohlobo elululo namhlanje, kwaye nehlabathi liyakuba njalo.

159 Jonga kwihlabathi namhlanje. Jonga kwimeko yaseSodom. Jonga kwinyikima kwindawo ezininzi, kunye nezinto ezenzekayo. Jonga kwibandla nakwimbutyulelo elikuyo, yeBhabheli. Jonga kumthunywa kulo, i-Oral Roberts kunye ne Billy Graham.

G-r-a-h-a-m, lityeli lokuqala sakhe sanomthunywa, kuwo onke amabandla, ogama lakhe lakhe laphela ngo h-a-m, njengo Abraham. A-b-r-a-h-a-m ngamagama asixhenxe. G-r-a-h-a-m ngamagama amathandathu. Uphi apho akhoyo? Ehlabathini. Isithandathu linani lomntu. Umntu wadalwa ngosuku lwesithandathu. Kodwa isixhenxe linani likaThixo.

160 Ngoku jonga kubo ezantsi phaya eSodom. Kwaye apho nanko umthunywa wabo ezantsi phaya ethetha nabo.

Kodwa ngoko iphi laMbewu yasebukumkanini ka Abraham? Uphi umqondiso wabo, Awawutshoyo? "Njengoko kwakunjalo ngemihla yase Sodom," yokuba uThixo wehla weza kwaye wabonakaliswa enyameni yomntu, kwaye waxela owayekucinga uSara ngaphakathi entliziyweni yakhe, ententeni emva Kwakhe, umqondiso wokugqibela ngaphambi kokuba ihlabathi leNtlaga litshatyalaliswe ngomlilo. Kwaye iBandla lifumene umqondiso walo wokugqibela ngaphambi kokuba lonke ihlabathi litshatyalaliswe, obu kumkani beNtlanga butshatyalaliswe ngomlilo nangomsindo kaThixo. Niyayikholelwa lonto? [IBandla lithi, "Amen."—Mhl.]

161 Loo Melkitsedeki wayeyinyama, wazibonakalisa Yena ekumzimba wontu; kwaza kamva emva koko Wenziwa inyama. Kwaye ngoku, ngobubusuku, Ukwanguye, izolo, namhlanje, naphakade. Niyayikholelwa? [IBandla lithi, "Amen."—Mhl.]

162 Ngubani lo Melkitsedeki, ngoko, lowo ikwanguye izolo, namhlanje . . . "Zange abe nayise, zange abe nanina; Akazange abe nasiqalo samihla, Akazange abe nasiphelo sabomi." Kwaye wahlangabeza u-Abraham, kwaye ngumqondiso onjani Awawenzayo? Ngoko xa Wenziwa inyama, Wathi iyakuphinda kwakhona ngaphambi nje kokuphela kwexesha. Niyayikholelwa lonto? [IBandla lithi, "Amen."—Mhl.] Ndiyayikholelwa. ["Amen."]

Masithandaze.

163 Thixo othandekayo, ndiyazikholelwa iZibhalo, ukuba Utshilo Wawu "kwanguye izolo, namhlanje, naphakade." Kwaye njenokunyaniseka entlizweni yam, Nkosi, ndiyazi ukuba into ethile ilungiselela ukwenzeka. Andinakho ukuyichaza ngokucacileyo. Ndiyoyika ukutsho nantoni na, Nkosi. Wena uyaziyo intliziyo yesicaka Sakho.

164 Kwaye mangaphi amaxesha, ukuhla ngesigaba xa Wathumela izinto, abantu basilela ukuyifumana. Umntu uqhubekeka edumisa uThixo ngathe Wakwenza, kwaye

atsho izinto ezinkulu Ayakuzenza, kodwa angahoyi oko Akwenzayo. Ke kubenjalo nangokwesigaba. Kutheni icawa yaseRoma isilela ukumbona uPatrick oNgcwele njengo mprofeti kaThixo? Kutheni bambulalayo uJoan wase Arc xa waye e—engumprofetikazi, bamtshisa njengegqwirha? Bawo, isoloko igqitha. Uyifihlile emehlweni ezilumko nengqondi. Akumangalisi Wathi kubabingeleli, "Nihombisa amangcwaba abaprofeti, kwaye ningabona ababafaka khona phaya." Emva kokuba bemkile, bayayibona impazamo yabo. Basoloko bekutshutshisa Wena, Nkosi, nakwisiphi isimo Oza ngaso.

165 Ndiyathandaza, ngobubusuku, Thixo, nje elinye ixesha ngaphezulu. Ngomso silungiselele ukuba sibe . . . ukuya eTucson. Ezinye iindawo zehlabathi, ezinye iidolophu ekufuneka sishumayele kuzo. Kodwa, Thixo Othandekayo, kungabakho abangaziwayo apha ngobubusuku abangazange ba . . . Bawava aMazwi eshunyayelwa, kodwa zange balibone Lona libonakaliswa.

Njengoko bendikucelile Wena ekuqalekeni. Xa abo bafundi, uKleyopa kunye nomhlobo wakhe, besuka e-Emawusi, babehamba ngendlela, kwaye waphuma Etyholweni waze waqalisa ukuthetha kubo, emva kovuko, washumayela kubo. Kutheni, Wathi, "Ziyatha, bantliziyo zicika kade. Anazi na ukuba uKristu ubemelwe ukuva ubunzima ngezi zinto, aze emva koko angene eluzukweni Lwakhe?" Kodwa futhi zange bayiqonde. Imini yonke bahamba kunye Nawe, kwaye futhi bengakwazi Wena. Kodwa ngobunye ubusuku . . .

Ubusuku bafika, bakuzama Wena ukuba ungene ngaphakathi. Xa bangenayo kwigumbi elingaphakathi baza bavala iingcango, ngoko Wenza into ethile nje ngendlela Owayenzayo ngaphambi kokubethelelwa Kwakho, kwaye baqonda ukuba nguKristu ovukileyo. Kwimizuzu embalwa Wawusemva komkhusana kwaye wanyamalala. Ngokukhawuleza babaleka baza baxelela abafundi, "INkosi ivukile ngenene!"

166 Bawo, Thixo, ndiyakholelwa ukuba Usaphila. Ndiyazi ukuba Unjalo. Kwaye Uyibonakalisile lonto kuthi kumatyeli amaninzi. Akunakuphinda Uyenze nje kwakhona lonto kuthi, Nkosi? Ukuba sifumene inceba ebusweni Bakho, mayenzeke kubekanye ngaphezulu. Ndisisicaka Sakho; ezi zizicaka Zakho ngaphakathi apha. Nkosi, konke endikutshiloyo akuyi kulingana kwi . . . Nje ilizwi libe linye elisuka Kuwe liyakuba lonele kunoko ndikutshiloyo kobu busuku buhlanu, okanye imiyalezo emihlanu. Iyakuba ngaphezulu, nje ilizwi elinye elisuka Kuwe. Akungethethi Wena, Nkosi, ukuze abantu bazi ukuba ndibaxelele iNyaniso? Siphe oko, Thixo. Ndikucela eGameni likaYesu, oku kubekanye ngaphezulu. Amen.

167 Ngoku, andinazi. Ndiyabazi abanye abantu. Ndiyayazi le nkwenkwe ehleli *apha*. Ndiyamazi uBill Dauch ehleli kanye *phaya*. Ndifuna uku . . . Apha nguMzalwana uBlair, Rodney Cox. Kunzima ukubona khona phaya.

Kwe*li* cala, kanye kwelixesha andinakubona namnye umntu, ngokwenene, endimaziyo.

168 Ngoku bangaphi ngaphakathi apha abaziyo ukuba ndingongaziwayo kuni? Phakamisani izandla zenu, abaziyo ukuba andazi nto malunga nani, phakamisa izandla zenu macala omabini.

Bangaphi apha abanento ethile engalunganga, okanye into ethile abayaziyo ukuba andazi malunga nayo? Ningaziphakamisa izandla zenu.

Ngoku, iyakuba ngokupheleleyo, ngokuqinisekileyo ngokupheleleyo yengenakwenzeka kum ukuba ndazi nantoni malunga nani. Kungenjalo, ngoko, ibiyakufanela ize ngesityhilelo esithile sikaMoya.

Kwaye ekubeni ndinixelele bonke obubusuku, kwaye nangobu busuku, ukuba Akafanga; Ulapha, kwaye uthembisile ukwenza kwa into enye. Kwaye uthembisile ukuba kuyakuza ixesha kwimihla yokugqibela, ngokuka Malaki isi-4 nangokuka Luka oNgcwele, ukuba Uyakuvela kwakhona ekwisimo somntu phakathi kwabantu Bakhe kwaye enze kwa izinto ezinye, aze atyhile kwa into enye, umqondiso okwa mnye kaMesiya. Bangaphi abayaziyo lonto, nina bafundi beBhayibhile, niyazi ukuba leyo yiNyaniso? Yithini, "Amen." [IBandla lithi, "Amen."—Mhl.] Kufanele nonke nibe ngabafundi beBhayibhile.

169 Ngoku, ndiyazi ukuba yengaqhelekanga ebantwini namhlanje, kodwa ise yiNyaniso. Seso sizathu bengazange bamazi uYesu wase Nazarete. Babeyazi imigaqo yeecawa zabo, kodwa babengamazi Yena. Kodwa Uza kanye ngendlela iBhayibhile etshiloyo; hayi umfundi wezenkolo, hayi umbingeleli. Uza njengoMprofeti, kwaye Abakhe Yena zange Bamamkele.

170 Ngoku, ukuba uThixo uyakuligcina iLizwi Lakhe, kwaye ukuba kuyenzeka ndi . . . kuyenzeka iwele komnye othile endimaziyo, ngoko ndiya—ndiyakuthatha omnye othile. Yabona, ndifuna umntu othile endingamaziyo. Kwaye ndifuna nina nithandaze.

171 Ngoku, jonga, kwakukho umfazi omncinci ngelinye ixesha enobuthathaka. Wayechithe imali yakhe ngoogqirha; babengenakumenzela nto elungileyo. Kwaye wathi ngaphakathi entliziyweni yakhe, "Ukuba ndinokuchukumisa ingubo yalaMntu, ndiyakuphiliswa." Niyalikhumbula ibali?

Kwaye ke bonke kubo bazama ukumnqanda ukuba ahlale ngasemva, kodwa watyhudisa wade wachukumisa ingubo Yakhe, wabuyela umva waza wahlala phantsi.

172 Ngoku phulaphulisisa. Kwaye emveni kokuba Ekwenzile oko, emveni kokuba ekwenzile oko, uYesu waguquka wajika waza wathi, "Ngubani ondichukumisileyo Mna?"

173 Kutheni, uPetros umpostile wamkhalimela Yena. Wayenokuba watsho into ethile enje, "Nkosi, sukuthetha into elolo hlobo. Abantu bayakukholelwa ukuba kukho into engalunganga Nawe. Ngokuba, xa Wabacelayo ukuba mabatye inyama Yakho kwaye basele neGazi Lakho, babesele becinga ukuba kukho into engalunganga. Kwaye Uthi, 'Ngubani ondichukumisileyo Mna?' Kutheni, isihlwele sonke siyakuchukumisa Wena."

174 Wathi, "Ewe, kodwa Ndiyabona ukuba amandla amkile kuM." Olo yayiluhlobo lochukumiso olwahlukileyo. Ngoku, wonke umntu uyazi ukuba *isidima* "ngamandla." "Ndiye ndatyhafa; amandla amkile Kum."

Kwaye Wabhekabheka wajonga esihlweleni wade Wafumana umfazi omncinci, waza wamxelela ngethombe lakhe legazi. Kwaye wava emzimbeni wakhe ukuba elathombe legazi liqamkile. Ingaba injalo? Kwaye Wathi, "Ukholo lwakho lukusindisile."

Ngoku, igama lesiGrike phaya ngu *sozo,* othetha ngokuqinisekileyo "sindisiwe," emzimbeni okanye emoyeni, into nje enye. Wa "sindisa." Ungu—UnguMsindisi wakho.

175 Ngoku, ukuba lowo ibinguYe izolo, kwaye indlela Enze ngayo, ukubonakalisa ukuba Wayephakathi kwabantu, uMesiya othenjisiweyo; kwaye yindlela Azibonakalisa ngayo Yena, kwaye ethenjiswe yiBhayibhile, Uyakwenza kwa into enye ngoku; akanakuyenza Yena, akanakufaneleka ukuba Enze kwa into enye?

176 Nithi, "Ingaba Utshilo malunga nokuphiliswa kogulayo?" Ehe!

AmaHebhere, iBhayibhile endisandula ukufunda kuyo, itshilo ukuba, "uYesu Kristu ngoku unguMbingeleli wethu Omkhulu onokuchukunyiswa ziimvakalelo zobulwelwe bethu." Bangaphi abayaziyo ukuba yinyani? [IBandla lithi, "Amen."—Mhl.] IBhayibhile ikutshilo oko. "UnguMbingeleli Omkhulu ngoku onokuchukunyiswa ziimvakalelo zobulwelwe bethu." Ngoko ukuba Isekwanguye uMbingeleli Omkhulu lowo Wayenguye ngoko, Uyakwenza njani ngoku? Kuyakufuneka enze kwangendlela enye Awenza ngayo ngoko, ukuba Ukwanguye uMbingeleli Omkhulu. Ngoku, unga . . .

AndingoMbingeleli wakho Omkhulu. Ungandichukumisa, kwaye kuyakufana nje nokuchukumisa umyeni wakho, okanye umzalwana wakho, okanye nayiphina, umntu.

177 Kodwa yeka ukholo lwakho lumchukumise Yena, kwaye qaphela kwenzeka ntoni. Ngoku, ukuba ndisisicaka sikaThixo kwaye ndinixelele iNyaniso, uThixo uyakuyingqinela lonto ukuba yiNyaniso. Kwaye iyakungqina ukuba uYesu Kristu uyaphila ngobubusuku, eme apha. Ingaba injalo? [IBandla lithi, "Amen."—Mhl.]

Ngoku, ninalo ukholo, nje icala libe linye ngexesha, icala libe linye. Ninalo ukholo khona apho. Kungcono ndihlale kumboko wokuthetha apha, ngokuba abanakundiva.

178 Umntu othile ujonge nje phezulu kuThixo, kwaye wathi, "Thixo, laa mntu akandazi. Akukho nto ayaziyo malunga nam. Ndingongaziwayo ngokugqibeleleyo kuye. Kodwa yenza ukholo lwam luchukumise Wena, Nkosi. Kwaye Uyayazi ukuba yintoni ingxaki yam, Nkosi. Wazi konke malunga nam. Uyazi ukuba ndingubani, ngohlobo olunye Owaziyo ukuba uPetros yayingubani, ngokunye Owamaziyo uNathaniyeli, njengoko Waziyo ukuba kwakuyintoni okwakungalunganga kunye nomfazi kunye nethombe legazi. Kwaye lomntu undixelele ukuba Usekwanguye 'izolo, namhlanje, naphakade.' Ngoko, Nkosi, yenza ukholo lwam luchukumise Wena."

Kwaye ukuba Uyakukwenza oko, kwaye ngokungenakuphosisa azibonakalise Yena apha, bangaphi kuni abayakumkholelwa Yena ngentliziyo yenu yonke; ukuba Uyakuyenza nje komnye, okanye ababini, okanye kwabathathu abantu, esenzela ubu—esenzela ubungqina? [IBandla lithi, "Amen."—Mhl.] UThixo anisikelele.

179 Ngoku, Bawo Thixo, oku ngokupheleleyo akukho sezandleni zakhe namnye umntu. Kuyakufuneka ukuba ibe sisimanga esingaphezu kwendalo. Ke ndiyathandaza ukuba Uyakundinceda ngoku, Nkosi. Ndisezandleni Zakho. Yenza ngam njengoko Ubona kufanelekile. EGameni likaYesu. Amen.

180 Ngoku, ningaphakuzeli. Nje thobekani, ngentlonipho nithi, "Nkosi, ndiyakukukhonza Wena. Kwaye leyo iyakuba yinyani, oko, ukuba ndinokuchukumisa ingubo Yakho, ngoko Undiphendule ngalaa mntu. Iyakubonakalisa kum ukuba oko akutshiloyo kuyiNyaniso." Injalo lonto?

181 Bangaphi abakhe bawubona umfanekiso wokwakuKhanya? Ikuso sonke isizwe, yonke indawo. Inzululwazi iyithabathile yayixilonga, kwaye yonke indawo. Ngoku, Ulapha kanye ngoku; okwa Mnye othethe malunga no*Mtshato noQhawulo Mtshato,* okwa Mnye owayesentabeni, wagungqisa iinduli emva phaya, okwaMnye osezantsi apha emlanjeni ngo '33, ikwanguye izolo, namhlanje, naphakade. Ukwanguye.

182 Ngoku, nanku umfazi, kwaye uqondile ngoku ukuba into ethile yenzekile. OkwakuKhanya kundanda kanye phezu kwakhe. Uhleli kanye *apha*, enxibe isikipa esiluhlaza, okanye into ethile. Andimazi umfazi. Ndiyacinga singabangazaniyo

omnye komnye. Ilungile lonto. Uyakholwa ukuba uThixo . . . Une—unesidingo sento ethile, kwaye uyakholelwa ukuba uThixo angatyhila kum ukuba yintoni ingxaki yakho? Kwaye ukuba Uyayenza, ngoko uyakuyazi ukuba kufanele ukuba ibe ngamandla angaphezulu kwendalo, ngokuba andikwazi wena. Kwaye kuyakufanela ukuba ize ngokungaphezulu kwendalo.

Kuxhomekeke koko ukucingayo ukuba kuko. Ungathabatha icala kunye nababingeleli, uyibize "umtyholi," okanye ungathabatha icala kunye nekholwa kwaye uyibize "Thixo." Nayiphi oyikholelwayo, kulapho umvuzo wakho uyakuvela khona.

183 Ukuba uThixo uyakutyhila kum ingxaki yakho, ungamamkela Yena njenge sicamagushelo sakho—sakho ngalo ngxaki? Andiyazi ukuba ingxaki yintoni. Kodwa ndiyazi, kwaye nawe uyazi, ukuba into ethile iyenzeka.

184 Ngoku, ngoku mandikuxelele ukuba uziva njani, kwaye emva koko uyakwazi; efudumeleyo ngenene, emnandi, ethuthuzelayo imvakalelo. Ndijonga ngqo kuYo. Kokwa kuKhanya, ukuKhanya okutyheli kundanda kulamfazi.

Kwaye inenekazi lihlutshwa yingxaki esiswini salo. Iluhlobo lokukhulayo, enjalo, esiswini salo. Akasuki apha. [Udade uthi, "Injalo."—Mhl.] Hayi. Ungowakude ukusuka apha akunjalo? Injalo lonto. Ungowase Wisconsin. Ingaba injalo? Ngokuqinisekileyo. Ngoku uphilisiwe. Ukholo lwakho lukusindisile.

185 Ngoku ndixeleleni Ngubani lowa la mfazi amchukumisileyo? Ndingamashumi amabini anesihlanu eenyawo ukusuka kuye. Uchukumise uYesu Kristu, uMbingeleli Omkhulu. Niyayikholelwa lonto? [IBandla lithi, "Amen."—Mhl.]

186 Ndijonge kumfazi endithethe naye. Lo mfazi, ndijonge ngqo kuye, 'kuba uthandaza kakhulu ngendoda. Undixelele ukuba ube enendoda . . . Zange andixelele kwanto malunga nayo.

Kodwa igama lakhe nguNksk. Waldrop. Usuka ePhoenix. Wavuswa ekufeni, kwaye ugqirha wakhe weza nee x-rays waza wabonisa umhlaza entliziyweni yakhe. Wafela kumgca wokuthandazelwa. Kudala kangakanani kwenzeka oko, Nksk. Waldrop? Ishumi elinesibhozo leminyaka egqithileyo, kwaye nakuya ehleli ngobubusuku, ubungqina obuphilayo. Ugqirha wakhe uzile emhlanganweni, ezise u . . . Wathi, "Angaphila njani umfazi?" Kodwa nakuya, kwaye akukho phawu lwayo.

187 Uzise omnye othile, kwaye uthandazela yena. Ngoku, iyafa, yiswekile. Ngoku, oko ndiyakwazi. Kodwa ekubeni uthandaza . . . Uyazi andazi ukuba ingubani, Nksk. Waldrop.

188 Isuka eMissouri, kwaye igama layo nguMnu. Cooper. Injalo lonto. Ngoku, uyakholwa, ungabuyela ekhaya uphile, mhlekazi. Kuxhomekeke kuwe, ukuba uyakuyikholelwa.

189 Nanku umfazi, kwaye uhlutshwa yimeko yesifuba, ukuminxana. Akangowa lapha. Uhleli khona phaya esihlweleni, kanye khona *phaya*. Ndiyathemba uyafumana . . . Akangowalapha. Ungowase Georgia. Nkssz. McKenny. Uyakholwa ngentliziyo yakho yonke, kwaye ukholwa ukuba uThixo uyakukuphilisa? Yima ngenyawo zakho, ukuba ungongaziwayo kum kwaye oko yinyani. UYesu Kristu ukuphilisile. Uyakholwa?

[UMzalwana uBranham ulizele ngomva ibandla—Mhl.]

190 Emva kwam, kukho indoda ehleli emva kwam. Uqhagamshelana noThixo. Kwaye oko akufunayo; unosana olunengxaki yentliziyo. Kwaye olwasana lunokundumzela entliziyweni yalo, ke ugqirha utshilo. Kwaye igama lala ndoda ngu Mnu. Cox. Phakama, Mnu. Cox. "Kwaye Wamxelela uSara awayekucinga, emva Kwakhe."

[UMzalwana uBranham uyaqhubekeka ezele ibandla ngomva—Mhl.]

191 Kanye ukunqumla phakathi kwezitulo ukusuka kuyo, emva kudana, yindoda engasuki apha, kodwa esuka eNew Mexico. Andizange ndayibona, ebomini bam. Ndijonge ngqo kanye kuyo ngoku, kwaye isemva kwam. Isuka eNew Mexico. Kwaye indoda inentombi enomdla kuyo, kwaye intombi inento ethile engalunganga kunye nomlomo wayo. Iyi . . . Inkalakahla emlonyeni wayo yiyo engalunganga. Kwaye igama lendoda nguMnu. West. Ungaphakama, mhlekazi. Ndingongaziwayo kuyo ngokugqibeleleyo, kodwa iNkosi uThixo iyakumphilisa umntwana wayo.

192 Niyakholwa ngoku ngeentliziyo zenu zonke? [IBandla lithi, "Amen."—Mhl.] Bangaphi kuni abakholelwayo ngoku ngentliziyo zenu nonke? ["Amen."] Ngoku, akanguye uYesu Kristu okwanguye izolo, namhlanje, naphakade? ["Amen."] Niyamamkela Yena ngoku njengo Msindisi wenu? Phakamisa isandla sakho. ["Amen."] Uyakholelwa kuYe njengoMphilisi wakho? ["Amen."]

193 Naku, naku kuhleli umntu apha, okhubazekileyo okanye into ethile, olele kumandlalo.

Ungandiva ngalomboko wokuthetha? [UMzalwana uBranham uthabatha umboko wokuthetha aze aye ngasekupheleni kweqonga athethe nomfazi olele kumandlalo—Mhl.] Andikwazi wena. Ungumfazi nje olele phaya. Ukuba bendinakho ukukuphilisa, bendiyakuyenza lonto. Andinakuphilisa.

[Indoda iyaqalisa ukulila—Mhl.] Kulungile. Yindoda nje evuyayo. Umntwana wayo ebephilisiwe.

Andikwazi wena. Ungumfazi, kwaye mna ndiyindoda. Eli lityeli lokuqala sidibana ebomini, ndiyacinga. Aba

bantu. . . ?. . . abakuzisileyo. Ngokuphandle, lityeli lakho lokuqala apha; basandula ukukuzisa. Usuka kude. Usityekelwe kukufa. Unomhlaza. Asikokukhubazeka. Ngumhlaza. Oogqirha abanakwenza nto yimbi ngawe. Yinyani. Kwaye uqinisekile ngokufa; abo gqirha abanakwenza nto yimbi ngawe.

194 Ngenye imini kwakukho abaneqhenqe abathathu behleli esangweni leSamari. Kwaye bona abaneqhenqe bathi, "Kutheni lento sihleli apha de sife?" Ngokuba, bonke abagulayo, balambela ukufa, kwaye besitya abantwana babo. Bathi, "Ukuba sihle saya kwinkampu yotshaba, amaSiriya; ukuba basibulele, sizakufa, nakanjani. Kwaye ukuba basisindisile, siyakuphila." Kwaye bathabatha elo thuba. Kwaye, ngolwakholo, abazange basindise nje kuphela iziqu zabo kodwa iqela lonke.

195 Ngoku, uzakufa ukuba ulele apho. Kodwa akucelwa ukuba uye kwinkampu yotshaba. Kodwa umenyelwa endlwini kaBawo, . . . ? . . .

196 Uyafa ngumhlaza. Akunakuphila ngaphandle koThixo. Akungowakule dolophu. Akusuki apha. Uhambe indlela ende. Ungowase Milwaukee. Yinyani leyo. Injalo lonto. Ndiyayibona idolophu. Ndiyayazi. Injalo lonto.

Uyakholwa? Uyakumamkela uThixo ngoku njengoMphilisi wakho? Ukuba uyakukwenza, akukhathaliseki nokuba utyhafe kangakanani, ulala ebhedeni kangakanani, ndiyakholwa, kwingxaki yakho, ndiyakuphakama eGameni lika Yesu Kristu. Kwaye ndiwuthabathe la mandlalo ndigoduke, kwaye ndiphile eluzukweni lukaThixo. Ingaba uyakundithobela, njengomprofeti kaThixo? Ngoko phakama uhambe. Phila! Sukoyika. Phakama usuke emandlalweni; uThixo uyakukwenza uphile. Yabona?

197 Umntu othile makambambe ukuze abe nokuphakama kwaye afumane amandla. Uyamkholelwa uThixo? Myeke nje ufumana amandlana amancinci; uyakulunga. Yiyo leyo, dade. Nako ke, eGameni leNkosi uYesu! [IBandla liyavuya njengoko udade ngoku emile—Mhl.]

Masiphakame kwaye sinike uThixo indumiso. Usekwanguye izolo, namhlanje, naphakade! [IBandla livuya ngamandla kwaye lidumisa uThixo—Mhl.]

Hamba, kwaye iNkosi uYesu Kristu ikusikelele. [IBandla liyaqhubekeka livuya ngamandla kwaye lidumisa uThixo—Mhl.]

NGUBANI LO MELKITSEDEKE? XHO65-0221E
(Who Is This Melchisedec?)

Lo Myalezo ka Mzalwana William Marrion Branham, waqala ukushunyayelwa ngesiNgesi, ngoFebhrwari 21, 1965, ngokuhlwa ngeCawa, eParkview Junior High School, eJeffersonville, Indiana, U.S.A., wathatyathwa kwisishicilelimazwi waze wabhalwa ngesiNgesi ungafinyezwanga. Le nguqulelo yesiXhosa ibhalwe yaze yapapashwa yi Voice Of God Recordings.

XHOSA

©2014 VGR, ALL RIGHTS RESERVED

VOICE OF GOD RECORDINGS, SOUTH AFRICA OFFICE
58 DISA ROAD, ADMIRAL'S PARK, GORDON'S BAY 7140 WESTERN CAPE
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

VOICE OF GOD RECORDINGS
P.O. BOX 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.
www.branham.org

Ilungelo lombhali elilelakhe lokushicilela

Onke amalungelo agciniwe. Le ncwadi ingaprintwa kwiprinta yasendlini ukwenzela ukuba isentyenziswe okanye kunikezwe ngayo, ngaphandle kwentlawulo, njengesixhobo sokukhawulezisa iVangelli kaYesu Kristu. Le ncwadi ayinakuthengiswa, yenziwe kwakhona ngesixa esikhulu, ifakwe kwi website, igcinwe kwindawo apho inokukhutshwa khona, itolikelwe kwezinye iilwimi, okanye isetyenziselwe ukurhwebesha imali ngaphandle kwemvume echaziweyo ngombalo ephuma eVoice Of God Recordings®.

Ngeechukacha ezithe vetshe okanye malunga nezinye izinto eziphathekayo, nceda qhagamshela:

VOICE OF GOD RECORDINGS
P.O. BOX 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.
www.branham.org